# *Izigaba Ezisixhenxe ZeBandla*

. . .esikelelekileyo iNkosi Yesu. Kwaye kungolindelo olukhulu ukuba ndikhangele phambili kobu busuku benkonzo, ndithembile ukuba ngandlela ithile, kwindlela ethile, ukuba uBawo wethu waseZulwini uyakuncuma iintsikelelo Zakhe kuthi. Kwaye rhoqo ndiyendifumane inyhweba yokungena ukuba ndibe nezinkonzo apha e—ebandleni, kunye neqela, nina bancinci, iqela elo elingamalungu apha enkonzweni, kunye nendwendwe, kakade.

2 Kwaye oku bekungabhengezwanga. Bekungoqhelekileyo nje umhlangano womthandazo wangoLwesithathu ebusuku. Kwaye ndiye ndathi, "Mhlawumbi ngokuhlwanje siya kufumanisa nokuba singabuya na." Kwaye ndiye ndacinga ukuba siyakuyithabatha, mhlawumbi, kwaye siyibhengezele iveki elandelayo, ngokuba, ibiyakuba njalo. . .Asinako ukuhlalisa abantu abaninzi kakhulu apha.

3 Kwaye olu hlobo lweenkonzo, ukuba uThixo uthandile, alubhekiswanga kwi. . .Lubhekiswe eBandleni, ukwenzela inzuzo yeBandla, apho siziva ukuba oko kusisidingo esifunekayo kakhulu ngeli xesha, kuyo yonke indawo, kuku. . . ukwenzela ukwakhiwa koMzimba kaKristu. Kwaye, ngoku oku, ekufundiseni. Ndiye ndaba neenkonzo zempiliso iminyaka esibhozo, ngokuthe ngqo; kwaze emva koko, ukufundisa, kuya kuba luhlobo lwento ethile entsha.

4 Kwaye bendisacinga ngale mva kwemini xana bendivule iBhayibhile emveni kokuxakeka kakhulu imini yonke, ndiye ndacinga, "Ke, ndibaxelele abantu ukuba ndiya kufundisa *Ngezigaba Ezusixhenxe ZeBandla,* mhlawumbi, ukuba iNkosi ithandile." Ndiye ndafunda, ndaze nje ndafumana oko, ndonwabile ngenene, xana bendiqalisa ukuyifunda. Kwaye ndiye ndacinga, "Ke, ndingakuthabatha konke oko ngobusuku nje obunye, ngeyure."

5 Ke, andizange ndazi ukuba uMoya oyiNgcwele ubuya kufuna ukuba senze ntoni na. A—asizami kumisa nantoni na. Kukuba nje, "Ukuba yintando Yakho, Nkosi," yabona. Koko okungcono. Kwaye ngoko, ukuba oko kuyakuba yintando yeNkosi, ndingathanda ukufundisa ngokuhlwanje ngezigaba zebandla, kwaye ngomso ebusuku ngo*Phawu Lwerhamncwa,* ndize ngobusuku obulandelayo nge*Tywina LikaThixo*. Kwaye oko. . .

6 Kwaye ngoko ngoMgqibelo, owam, umzalwana wethu umgcini sakhiwo nje ubendixelela namhlanje, wathi, "Ukuba bebenayo ngoMgqibelo ebusuku nakusasa ngeCawe, ngokwesiqhelo, xana abangaziwayo besiza phakathi kwethu, ngokuba, icawa ibiyakube mdaka kakhulu, na njalo njalo."

7 Ke baye bacebisa nje ukuba zibekho ngoLwesithathu, Lwesine, noLwesihlanu, nangentsasa yangeCawe, nangeCawe ebusuku. Kwaye ndiye ndathi, "Ke, oko kuyakube kulungile ngokugqibeleleyo, ngokokwazi kwam."

8 Ke ngoko siyakuzama, ukuba iNkosi ithandile, sibe nayo ngoLwesithathu, Lwesine, Lwesihlanu, ngeCawe ngetsasa, nangeCawe ebusuku. Kwaye, mhlawumbi, ngeCawe ebusuku singaba nenkonzo yobhaptizo, njengokuba abantu bebesele bebuza malunga nokubhaptizwa. Kwaye ke ngoku . . .

9 Kwaye siyakuzama, rhoqho ebusuku, ukuqalisa kanye nje ngexesha, ngecala emva kwentsimbi yesixhenxe. Kwaye ndiya, ndifika eqongeni ngentsimbi yesibhozo entloko, simelwe kukukhutshwa emnqubeni ngecala emva kwentsimbi yethoba, iNkosi ithandile. Ukuze ni . . . Ndiyazi ukuba niyasebenza, kwaye sineentlonipho kuloo nto.

10 Kwaye ngoku le Miyalezo mincinci ephuma eNcwadini yeSityhilelo ibhekiswe eBandleni. Kwaye ndinqwenela ukuba wonke ubani abe nokubeka oku engqondweni, ukuba ayibhekiswanga kwinkolo yakhe nabani na, okanye nayiphi na enye injongo; kuphela nje, ngokolwazi lwam olungcono, ekufundeni nasekucacisweni kweLizwi likaThixo. Yabona? Oko akutyhalwa nangayiphi na injongo yokuzingca, okanye akujoliswanga nakubani na, nawuphi na umntu, okanye icawe yakhe nabani na, inkolo yakhe nabani na.

11 Kwaye isizathu sokuba ndithande ukufundisa kwesi sityhilelo apha emnqubeni, ekubeni kulelam ibandla, ngokuba, ndiziva nje ukuba ndisekhaya. Kwaye—kwaye mna nje, uyazi, uhlobo lokunika izimvu zam uhlobo lokutya olo ebendicinga ukuba bezikudinga, uyazi. Abanye kude- . . .

12 Abantu, ngamanye amaxesha kuyekufuneke ukuba bagalele ityiwa encinci xana i—i—i-alfalfa ingunda kancinci, uyazi. Isenokwenzakalisa izimvu ukuba awenzi njalo. Ke, kanye exesheni, xana mhlawumbi i-alfalfa ifumana ukungunda kancinci ebandleni, kwaye—kwaye izantlukwano ezincinci zivela, ke ndicinga ngetyiwa encinci, uhlobo loku, isisongo, anicingi njalo? Ibaluhlobo lokuzigcina ekubeni zingaguli.

13 Ke ngoku siyathandaza ukuba—ukuba uThixo uya kusisikelela kwezi nzame. Kwaye bangaphi . . . ? Nje abaziva, njengamadoda nabafazi, njengokuba sinjalo, ndingathanda ukukhangela kuloo nto, ngomso ebusuku, kwi, "Luyintoni na uphawu lwerhamncwa?" Kukho okuninzi kangako malunga

nalo eBhayibhileni. “Ngubani onalo? Kwaye ngubani oya kuba nalo?”

14 Kwaye ngoko, okulandelayo, kuza ixesha apho liyakubakho. Kwaye andazi, kusenokuba kungoku. Siyakukhangela kwaye sibone, ehe, ukuba, kuyakubakho iindidi zabantu ezimbini kuphela emhlabeni, kwaye omnye uya kuphawulwa ngumtyholi, kwaye omnye kube luphawu lukaThixo. Kwaye ndicinga, okokuba ukuba sisondela kweloo xesha, kungcono sibe luhlobo olukhangela macala onke, sifumanise ukuba lonto iyintoni na, ngokuba ngokuqinisekileyo ayinakuza kuphela njengento ethile enkulu kakhulu. IBhayibhile yathi luyakunyebelezela ngaphakathi ngokulula, ukuba, “Beluya kulahlekisa nabanyuliweyo ukuba bekunokwenzeka.” Ke siyakuzama, ukuba uThixo uthandile, ukuba silukhangele, ngomso ngokuhlwa. Ngoku, oko nje lolona lungcono lwam . . .

15 Ngoku, yiza neBhayibhile yakho, nepensile yakho nephepha, kwaye ukuba ufuna ukubhala phantsi iZibhalo. Kwaye, awucingi nje ukuba oko kuchanekile kanye, ndibhalele inqaku elincinci uze ulibeke ukwenzela ubusuku obulandelayo.

16 Ndikhumbula ndihleli unyaka neenyanga ezintandathu kule Ncwadi yeSityhilelo, e—emnqubeni apha. Yiloo nto endiyithandayo, e—ekufundiseni. Ndikuthanda nje ukufundisa. Owu, bethu! Ndi—ndi—ndi—ndicinga nje ukuba oko kuyamangalisa. Inika isiseko, ize izinzise ibandla.

17 Kwaye, ekushumayeleni, ngoku, kukho abantu abathile abo abangabashumayeli. Bangachola iLizwi, ngempembelelo, baLijike phandle phaya ezindaweni. Oko kukunkcenkceshela iMbewu leyo umfundisi ayifundisileyo. Yabona? Ngoku, kufuneka ufake iMbewu ethile, kuqala, uze ngoko uYinkcenkceshele. Kwaye ukunkcenkceshela kuvela ekushunyayelweni kweLizwi.

18 Kukho omkhulu, oxandileyo umahluko phakathi komfundisi nomshumayeli. Yabona? Zizibabalo ezimbini ezahlukeneyo zoMoya, konke konke, izibabalo ezimbini ezahlukeneyo. Kwaye ndithetha oku ngokuzithoba, kodwa, andinaso isibabalo sayo nenye.

19 Kodwa esam, njengesiqhelo, kukuthandazela abagulayo. Yiloo nto iNkosi eyandibizela ukuba ndiyenze. Kwaye ngoko, ngeli xesha, oko kundinika ukuphumla kwengqondo yam, ukufunda ngento ethile eyahlukileyo, hayi ukuba neenkonzo zempiliso eNgcwele; nje—nje ukufundisa iLizwi. Kwaye, owu, siyahambisana kakuhle kakhulu apha. Thina . . . Ndiyakhumbula, naye nandinyamezela ixesha elide, malunga neshumi elinesibini leminyaka apha, kuyo.

20 Kwaye ndandidla ngokuthi nge . . . Hayi ukuthethela oko isiqhulo, kodwa, imfundiso ingqwabalala kakhulu, Ndathi, “Oko kufana nje nomfo oya esithebeni aze atye isonka sombona

kunye neembotyi." Ngoku, oko kulungile kuwe, kodwa uye udinwe zizo nje kancinci, kanye ethubeni, ukuze ube nento ethile ecaleni, ne-ice cream ethile kunye nekeyiki, kube kanye ethubeni, makhe ibe luhlobo lokulungelelanisa ukutya. Kodwa olulungileyo udidi lwakudala luya kuhlala nawe kakuhle kakhulu, kwaye, ubuncinane, lukunika isiqalo esithile.

21 Ngoku, koku, kukukholo lwam oluthobekileyo lokuba siphila kwimihla yokuvalwa kwezembali yehlabathi. Ndifuna ukwenza oko kucace ngenene. Ngoku, ndisenokuphosa. Andazi. Akukho mntu wumbi waziyo. UYesu wathi, "Hayi nkqu neeNgelosi zaseZulwini ziyakukwazi oko." Wayengazi, ngoKwakhe. Wathi, "Oko kungoBawo kuphela, nguYe kuphela Owaziyo." Kodwa kuqinisekileyo kwaye kuyinyani ukuba Uyabuya. Kwaye nje andiyiboni enye into eseleyo ngaphandle kokubu-. . . Ukubuya kweNkosi.

22 Xana, ndikhangela kwaye ndibona, isizwe saphukile. Ndibona ezopolitiko zaphukile. Ndibona amakhaya ephukile. Ndibona ibandla laphukile. Ndi. . . Akukho nje nento enye enokuzingciba, kuphela uThixo, kuphelele apho, kuba abanayo enye into eyenye. Ukuziphatha kwesizwe kwaphukile. Kwaye amaqela ezopolitiko aphukile; apho sasithembele kakhulu kangako kwezopolitiko zethu; zaphukile.

23 Kwaye umfo othile omkhulu eNgilane, kungekudala kwixesha eladlulayo, wathi, "Ke, intando yesininzi yayi—yayiziseyile yonke kwaye kungekho ankile." Lowo owathi, "Kuya kufika ixesha lokuba bayakuba kwiqongana, besenza ulonyulo." Ke, leyo yinyani. Kodwa akazange acinge ngeyakhe iNdlu ethandekayo yeeNkosi, indlela eyayiziseyile ezininzi ngayo kwaye kungekho ankile, kananjalo. Yabhabha yemka, nayo.

24 Kwaye bonke ubukumkani beli hlabathi buya kwaphuka bubeziziqwenga. UYesu Kristu uya kulawula aze abuse. Ke kukho:

> Amathemba am akakhelwe phezu kwento ngaphandle
> KweGazi likaYesu kunye nobulungisa;
> Macala onke umphefumlo wam uyanikezela,
> Yena ulilo lonke ithemba lam lonke nokuxhasa.
>
> KuKristu, uLwalwa oluluqilima, ndiyema;
> Yonke eminye imihlaba yintlabathi ezikayo.

25 Kwaye, owu, indlela endinqwenela ngayo ukuba ngoku besiqalisa malunga nenkonzo yokufundisa yeenyanga ezintathu, ukuze ube nokungena kwiNcwadi yeSityhilelo uze uyiqhine noDaniyeli, umbono omkhulu.

26 Bangaphi abaseleyo, kumhlambi omncinci apha, ababedla ngokukhumbula xana ndandinomzobo omdala ngapha? Ndiyazi

ukuba uMzalwana uHead wayekho, kwaye besinabaninzi benu apha xana ndandinomzobo omdala.

27 Ngoku, iNcwadi yeSityhilelo, indlela Eyenziwe ngayo. Kwaye uDaniyeli uyanxibelelana kanye naYo. U-Isaya uyanxibelelana kanye naYo. Yonke iTestamente eNdala iyanxibelelana kanye naYo. Kwaye Leyo yiNcwadi yeSityhilelo sikaYesu Kristu. Yabona? INcwadi yeSityhilelo sikaYesu Kristu.

28 Kwaye ngoko, khona phaya, kukho amaBandla aSixhenxe, iZibetho eziSixhenxe, aMatywina aSixhenxe, amaXilongo aSixhenxe. Ngoku, ixilongo limele imfazwe; itywina, imfihlakalo bu-. . . iyatyhileka; kwaye isibetho yilonto ilandela yonke imfazwe.

29 Kwaye ngoncedo lukaThixo, kunye nencwadi yembali, ndingaqondakalisa kuni ukuba siphila kwiXilongo leSixhenxe, kuba iSibetho seSixhenxe, neTywina leSixhenxe ukuba zivulwe, neNgqayi yeSixhenxe ukuba ithululwe.

30 Xana elesithandathu livakaliswa; siyakufika kuloo nto, mhlawumbi, ukutywinwa, ngoLwesihlanu ngokuhlwa. Xana eyokuQala iMfazwe yeHlabathi, ngokuba, e. . . elaa Xilongo lesiThandathu lavakaliswa ngokwe, kanye ngokwexesha uThixo awathethayo ngalo. Ngokuchanekileyo, ngokwemo yezomiwo mhlaba, lilandela itywina ngaphambi koko. Kwaye xana imfihlelo yayityhiliwe phaya, ukwenzela ubhaptizo loMoya oyiNgcwele; kwaye a—kwaye abantu ngoko, indlela ibandla elingazange lahamba ngayo; baza abo ababehamba bala ukuhamba ekuKhanyeni, baza babuyela umva. Kwaye isibetho savulwa ngelo xesha, saza sathululelwa phezu komhlaba, eso esasingumkhuhlane i-influenza, eso esabulala bonke abantu njengoko senza ngako, amawaka aphindwe ngamawaka.

31 Kwaye ngoko ukwehla njalo ukungena kwesi sigaba sokugqibela, apho sikhoyo apha. Kwaye nje yiza uphulaphule ukuba iNkosi iyakuthini na malunga noko, eLizwini laYo. Ngoku, lonto ayiyo yokwenza kwam. Ndiya kube nje ndiyifunda njengephephandaba, kanye ngokuphuma eLizwini likaThixo. Ke, Esi sisityhilelo Sakhe ngokuthe ngqo eBandleni, eBandleni, iSityhilelo sikaYesu Kristu eBandleni.

32 Ngoku, ngaphambi kokuba sithethe kuYe, okanye sithethe ngombhalo Wakhe, makhe sithobiseni iintloko zethu kwaye sithethe kuYe nje okomzuzwana ngelizwi lomthandazo.

33 Bawo wethu onobubele waseZulwini, njengokuba ngokundilisekileyo sithobisa iintloko zethu eluthulini, apho sasithatyathwe khona kwaye siyakubuyela khona ngenye imini, ukuba Uthe walibazisa. Siqubuda ngentobeko, ukucela ukuba Ube kufutshane nathi, ngobu busuku, ukuba usisikelele. Ndingawabeka emva amaphepha ale Bhayibhile, kodwa akukho mntu unako ukuyivula iNcwadi okanye ukunqika amatywina ayo. Kwaye kubhaliwe Apha, “Lowo uthabathayo ukuphuma

koKu, uya kukhutshwa kuyo, isabelo sakhe, eNcwadini yoBomi; kwaye lowo wongezayo kuYo, izibetho zikaThixo ziya kuthululwa phezu kwakhe."

34 Bawo, siqaphela, njengamadoda nabafazi abafayo behleli apha ngokuhlwanje, sisazi ukuba singabantu ababotshwelelwe kwinguNaphakade, Thixo, wanga uMoya oyiNgcwele ungeza, uMbhali wale Bhayibhile, aze avule la maphepha kuthi. Kwaye wanga othobekileyo Wakho, umkhonzi ongancedi nto ashumayele njengomntu ofayo ebantwini abafayo, njengokungathi le kuyakuba yinkonzo yokugqibela endiyakukhe ndibe nayo kweli cala lenguNaphakade, ubusuku bokugqibela esiya kukha sihlangane kunye ngabo. Kwaye kwanga ngalinye kumarhamente angenza ngokuhlwanje ngokungathi le yayiyakuba yintshumayelo yawo yokugqibela ayakukha ayive. Thixo, susa bonke ubudenge. Senze ukuba sinyaniseke, sisazi ukuba kuyakufuneka ukuba siphendule kuMgwebo kaThixo, ngenye imini. Kwaye isimilo sethu ngokubhekise kuYe neLizwi Lakhe, ngoku, kumisele indawo esiya kuyo ngoNaphakade.

35 Ke, Bawo, ngeentliziyo ezingcangcazelayo, siza kuWe, kwaye sicela. Makhe iNkosi uYesu, ikwimo yoMoya oyiNgcwele, ithabathe iLizwi likaThixo, ngobu busuku, kwaye iLinike kuyo yonke intliziyo, njengoko siswele ngako. Kuba sikucela oko eGameni laYo. Amen.

36 Oko kusenokubonakala kungaqhelekanga kum, okwemizuzwana nje embalwa ngoku, ekuzameni ukuqalisa ukuvula isifundo sokufundisa. Ngokuba, oko bekuhleli kukwimpiliso eNgcwele kule minyaka imbalwa igqithileyo, kwaye ngoko, okanye, ngoko, hayi kwisiprofeto, nangayiphi na indlela, kwaye ngoko—kwaye ngoko siye kanye kumgca wokuthandazela.

37 Kodwa ngoku, ngobu busuku, sifuna ukufumana imvelaphi yeNcwadi leyo esicela uThixo ukuba asivulele yona, leyo yiNcwadi YeSityhilelo sikaYesu Kristu.

38 Le Ncwadi yabhalwa malunga no-A.D. 96, ngokutsho kwababhali, kwaye yayinguYohane oyintanda.

39 Kwaye waba nalombono kwisiqithi sasePatmos, isiqithi soLwandle lwase-Aegean, malunga neshumi elinesihlanu leemayile, okanye into ethile, ukusijikeleza, kumjikelezo, indawo enamatye ngenene ezele zinyoka, na njalo njalo, apho isizwe samaRoma sasiyisebenzisa njengeNdawo yokugxothela izikrelemnqa, njengoko sasinokuba nayo namhlanje, indawo yokugxothela izikrelemnqa ezo urhulumente awayengenako ukuzilawula.

40 Kwaye le Ncwadi yabhalwa ngowokugqibela wabapostile beNkosi yethu uYesu Kristu, ekukholelwa ukuba bekunguye oyintanda lowo wayeyame esifubeni saYo emveni kovuko;

kwaye Wathi, “Iyintoni lonto kuni ukuba uthe wahlala ndide Ndibuye?” UYohane wafa, elixhego. Bonke ngabanye abafeli nkolo batywina ubungqina babo ngegazi elilelabo.

41 UYohane, isiphelo sakhe sahlangabezwa ngolu hlobo: Wabanjwa, waza wabiliswa etankini lamafutha iiyure ezimashumi mabini anesine, lamafutha abilayo atshisayo, kwaye ngaphandle kwako nakuphi na ukwenzakala okwezayo kuye. Kwaye bambeka esiqithini, njengokuba kukholelwa oko ngokuqhelekileyo, njengegqwirha, “Uthakathe amafutha ukuze angabi nakumtshisa,” batsho. Kakade, yayingamandla kaThixo, lawo. Awunako ukuwubilisa uMoya oyiNgcwele uwukhuphe emntwini. Ngokuba! Ke babezama ukuWubilisa bawukhuphe kuye, kodwa uThixo akazange akuvumele oko. Kwaye Wayenomsebenzi amelwe kukuwenza ngaye. Kwaye ade uThixo abe ugqibile ngomntu Wakhe, akukho nto ehlabathini inokumkhathaza. Kuphelele apho.

42 Ngoku, uYohane ekubeni emdala, yena . . . baxelelwe ngababhali mbali, ukuba waziswa e—ebandleni, ukuba ashumayele. Kwaye wayemdala kakhulu, ekuphela kwento awayenokuyithetha, yayiyile, “Bantwanana, thandanani.”

43 Ndiyanixelela, leyo yeyonanto ilungileyo ukushumayela kuyo. “Bantwanana, thandanani.” Njengokuba ndisiba mdala, kulungiselelo ngoku, kwaye eyam . . . malunga nonyaka wam wamashumi amabini ananye. Ndicinga ukuba, ngalo lonke ixesha njengoko ndihamba, ukuba oku . . . Okukhona ndicinga ngeNkosi uYesu, kokukhona ndiqalisa ukufumanisa ukuba luthando olugubungela yonke into iphela. “Uthando lukaThixo, oluthululelwe ngokubanzi ezintliziyweni zethu ngoMoya oyiNgcwele.”

44 Ngoku siyakufunda nje imiqolo ibe mbalwa apha, ukuba . . . siqalise, size ngoko siye kungena kanye ekufundiseni ibandla. Kwaye ngoko ndizame ukulizisa endaweni, ukuba uThixo uthandile, kweli xesha lingaka elo ndinalo, ukuyisa ngaphaya apho sinokungena khona apho sinokuthabatha khona, *Uphawu Lwerhamncwa,* ukwenzela ungomso ubusuku.

45 Ngoku, oku kukwibandla. Ngoku, ndiyakuzama ukufumana, ubuncinane, ibandla lase-Efese, ibandla lokuqala, kwaye ibandla lokugqibela esiphila kulo ngoku, ibandla laseLawodike ngoku.

> *ISityhilelo sikaYesu Kristu, eso uThixo awamnika sona, ukuba ababonise abakhonzi bakhe izinto ezimele kukubakho kamsinya; kwaye wathumela* isithunywa sakhe *waza wabonisa . . . wathumela waza wabonisa ngesithunywa sakhe kumkhonzi wakhe uYohane:*

46 Ngoku, iSibhalo sisinika isiqalo apha. Sisi, “ISityhilelo . . . ” Okanye, igama elithi *isityhilelo* lithetha “into ethile leyo ityhilekileyo.” “ISityhilelo sikaYesu Kristu,” esinikwe uYohane.

Kwaye isithunywa sathunyelwa ukuba sithwale ubungqina, okanye ukuba sibonise ngabo.

> Kwaye sona *sathwala ubungqina belizwi likaThixo, kunye nobungqina bukaYesu Kristu, kunye* no*bezinto* ezo *esazibonayo.*
>
> *Unoyolo lowo ulesayo,...*

47 Bangaphi abangathanda ukufumana intsikelelo? Ngoko, Yilese. Yabona, "lowo ulesayo."

> *Unoyolo lowo ulesayo, kwanabo bawevayo amazwi esiprofeto, baze bazigcine ezo zinto ezo zibhaliweyo kuyo: kuba ixesha likufuphi.*

48 Ngamanye amazwi, hayi ixesha likufuphi *ngoko*, kodwa, "Ixesha likufuphi, xana bebona eli Lizwi ekubeni ligqityezelwe, xana iSityhilelo esigqibeleleyo."

49 Xana uThixo aqalisayo, njengegomzobi ezoba umfanekiso wento ethile, Uqalisa ukuzalisa iinxalenye Zakhe. Usenokuqalisa ukuwubona ubumbeka. Kwaye njengokuba uqalisa ekuqaleni kweNcwadi yeSityhilelo, ubona uYesu Kristu eqalisa ukuza emfanekisweni. Kwaye ekugqibeleni kwaYo, uMbona egqibelele, ehleli kunye neBandla Lakhe, ezukisiwe; yonke imihla yesono nenkathazo nezilingo iphelile, kwaye uKristu uhleli neBandla Lakhe, kuMazulu amakhulu ngetla.

50 Kulungile, umqolo wesi-4. Phulaphula. "UYohane kumabandla..." Ngoku, lo nguYohane othethayo. Kuqala, yayinguThixo esazisa iSityhilelo sikaYesu Kristu. Okwesibini:

> *UYohane kuma...bandla lawo akwelase-Asiya: Ubabalo malube kuni, noxolo, oluphuma kulowo ukhoyo, nalowo owayekho, nalowo uzayo; nakubo ooMoya abasixhenxe abo abaphambi* koThixo;

51 Owu, ukuba besinebhodi yokubhala apha ngoku, ukufumana umzobo, kancinci, yabona, "ooMoya abasixhenxe abo abaphambi koThixo;"

52 Ngoku, ukonga ixesha elincinci, kwaye ndikholwa ukuba ndi...ndisazi nje ukuba andisayi kucaphula nantoni na ngokungekuko, nangenxa yayo nantoni na ehlabathini. Kwaye ukuba ufumana intandabuzo encinci malunga nayo, kuphawule phantsi uze ngoko undibuze, kwaye ndiya kukunika iSibhalo ngenxa yoko. Kwaye ngoku njengokuba kufuneka sikhawulezile ukungena koku, sicinezelwe kakhulu lixesha...

53 Ngoku, "ooMoya abasixhenxe abo abaphambi koThixo." Aba Moya basixhenxe babemelwe njengooMoya abasixhenxe abo ababeya kuthunyelwa kwiZigaba eziSixhenxe zeBandla, "ooMoya abasixhenxe abaphambi koThixo." Besingathabatha ukususela kwiTestamente eNdala, kwaye siyithabathe siyikhupha phaya, ukuba nje besinexesha.

> *Kwaye nokusuka kuYesu Kristu, olingqina elithembekileyo, nentlahlela yabafileyo, nenkosana yookumkani bomhlaba. Kuye lowo owasithandayo, waza wasihlamba . . .*

54 Bethu, khangela nje uYohane wakufumana konke kuphelele phaya xana wakhangelayo! Wasuka nje waqhubeka ukuthetha, wathi:

> . . .-ku*ye lowo owasithandayo, waza wasihlamba ezonweni zethu ngegazi elilelakhe,*
>
> *Kwaye wasenza ookumkani nababingeleli kuye uThixo . . . uYise; kuye makubekho uzuko nolawulo kuse ephakadeni lasemaphakadeni. Amen.*

55 "Wasenza ababingeleli nookumkani kuye uThixo." "Thina" sisininzi. Hayi "*wa*ndenza umbingeleli kunye kunye *no*kumkani;" kodwa, "wasenza," iBandla.

56 Ngoku, uthetha kula mabandla asixhenxe, kuba ziZigaba eziSixhenxe zeBandla.

57 Ngoku, wathi, "Ulawulo nozuko, mazibe kuYe kuse ephakadeni lasemaphakadeni."

58 "Wasenza ababingeleli." Ingaba wakha wazi ukuba umbingeleli uyintoni na, nokuba siyintoni na isikhundla sakhe? Umbingeleli ngowokwenza idini, ukwenza isicamagushelo. Kwaye ngaphaya kumaHebhere, Yathi ukuba thina, iBandla, sibububingeleli bobukhosi, "Ububingeleli bobukhosi, isizwe esingcwele, abantu abayinqobo." Yabona? "Isizwe esingcwele, abantu abayinqobo, ububingeleli bobukhosi." "Umnikelo," nantsi apho ikhoyo ngoku: "ukunikela amadini okomoya," yonke indoda nomfazi abo abezayo kuThixo bangena ngaphaya komkhusane.

59 KwiTestamente eNdala, kwakukho kuphela i . . . kwakukho umkhusane lowo owawujinga phakathi kwendawo engcwele neNgcwele kangcwele. Ngu-Aroni kuphela, yedwa, owayefanele ukuya kungena phaya, kube kanye ngonyaka. Kodwa yonke indoda leyo eyayibangumbingeleli, yayinokufumana umthamo, okanye ukungcamla imana yakuqala leyo uMoses no-Aron abayicholayo ngosuku lokuqala imana eyaqalisa ukuwa ivela ezulwini. Xana bawela umlambo waseYordane . . .

60 Iintshaba zabulawa, emva kwabo. Kwaye ngosuku olulandelayo baphuma, kwaye kuyo yonke indawo emhlabeni, kwakubekwe amaqebengwana amancinci amhlophe. UThixo wawanisa phantsi ukuphuma ezulwini. Bawabiza ngokuba "yimana," engcamleka njengobusi. Kwaye abantu babemelwe nje kukuba bayichole ngokwaneleyo nje ukuba ihlale olo suku lunye. Ukuba babethe bayigcina kwade kwaba ngomso, yayisonakala.

61 Kwaye uThixo waxelela uMoses no-Aron ukuba baphume kwaye bathabathe iingobozi eziliqela ezizele yona, iingobozi ezinkulu, kwaye bazingenise kwi. . .ngakwityeya, kwiNdawo eNgcwele.

62 Kwaye phaya, ukuba, ngamaxesha onke emva kweso sizukulwana, ukuba isizukulwana ngasinye eso esasilandela eso, okoko nje oba bubingeleli bakwaLevi busekhona, ndicinga njalo, ukuba yonke indoda eyayifanele ukuba ibe ngumbingeleli, xana yayimiselwa ukuba ibe ngumbingeleli, yayinelungelo eligqibeleleyo lokuba yamkele umthamo wemana yakuqala. Yicinge nje lonto. Enjani yona inyhweba leyo amadoda ayecinga ukuba aya kuba nayo, xana indoda yayisazi ukuba yayiyakungena kububingeleli! Yayiya kufumana u—umthamo obhakiweyo wokwamandla angaphezu kwendalo, amandla angaphezu kwendalo azanyisiweyo, ukutya kwamandla angaphezu kwendalo oko okwakuvela kuThixo ezulwini, oko okwakugcinwe ngokwamandla angaphezu kwendalo.

63 Ubulungiseleli buphela bungamandla angaphezu kwendalo. Bangatsho njani abantu ukuba bangamaKristu, baze bakhanyele amandla angaphezu kwendalo? Andazi ukuba bayenza njani na lonto, ngokwam. Khangela. Kodwa, amandla angaphezu kwendalo! Wafumana ukuginya kwamandla angaphezu kwendalo, nje wakuba esiba ngumbingeleli.

64 Onjani wona ukubamhle umfuziselo wangoku, wokuba wonke umntu. . .Ngaloo mihla, babemelwe kukuba bazalwe kumnombo othile, umLevi, ngaphambi kokuba babe ngumbingeleli, kodwa ngoku “kukuye nabani na osukuba ethanda, makhe eze.” Yabona? Kwaye ngokukhawuleza nje bakuba bezile, nangona, bamelwe. . .uZalo luqwalaselwa kubo, kananjalo. “Umelwe kukuba uzalwe ngokutsha.” Kwaye yonke indoda okanye umfazi lowo uzelwe ngokutsha, ngoMoya kaThixo, unelungelo le (ngalo mhla), lemana. Le mana nguMoya oyiNgcwele.

65 Xana uPetros. . .emveni kokuba bephumile kwindideko enkulu, kwaye nobugwala babumkile kubo, kwaye iNkosi yayibasikelela, waza uMoya oyiNgcwele wehla ngoMhla wePentekoste, baphuma bangena esitratweni baqalisa ukukhwaza, kwaye besenza njengabantu abaphambeneyo, kangangokuba abantu bonke bacinga ukuba babenxilile. “Bathi, siyazibuza ukuba siya kwenza ntoni malunga nalonto?” Wonke umnt-. . .Nkqu nehlabathi lezenkolo, ngoko, lalicinga ukuba abo bantu babenxilile.

66 Kwaye phulaphula, sihlobo sam esingumKatolika, intombi esikelelekileyo enyulu uMariya yayikunye nabo. Kwaye ukuba wayengenako ukuya eZulwini ade anyukele phaya aze afumane ukungcamla kweNto ethile oko kwamenza wenza njengomfazi onxilileyo, ingaba uyakufikelela njani na phaya nantoni

na engaphantsi koko? Kodwa wamkela iNto ethile. "Ikhulu elinamashumi amabini, kunye nabafazi, uMariya waseMagadala kunye nabo," kwaye baphuma bangena esitratweni, besenza njengabantu abanxilileyo, begxadazela.

67 Lade elokwenene (Ukuba niyakuxolela intetho.), ibandla eliphucukileyo laloo mhla lathi, "Bakhangeleni! Oko kubonisa lonto abayiyo. Bonke bazele yiwayini entsha."

68 Oko yilonto eYayikuko. Ngoku phulaphula, uPetros wathi (Ngoko baqalisa ukuthi . . .), wathi, "Nina madoda aseYerusalem, nani abo bahleliyo kwelakwaYuda, makhe oku kwazeke kuni, kwaye wabekeleni indlebe amazwi am: Aba abanxilile." Ngoku, ndithetha malunga nebandla lase-Efese apha, ngoku. Yabona? Yabona? Kulungile, isigaba sokuqala sebandla. Wathi, "Aba abanxilile, njengokuba niba kunjalo. Eli lilixa lesithathu lemini; izirhoxo nkqu nazo azikavulwa. Njani . . .? Ke, eli lililixa lesithathu lemini." Wathi, "Kodwa *oku* ko*kuya* okwakuthethwe ngomprofeti uYoweli. Kubhaliwe kweyiyeyenu iBhayibhile. Kweyiyeyenu iBhayibhile, oku kubhaliwe, ukuba le nto iyakwenzeka. Ngokuba," watsho, ukuba, "benimelwe kukuba nikwazile oku, nina befundisi."

69 Ke, inokuba kunjalo, njengokuba—njengokuba ibandla laziswa phantsi kwaloo mboniso, kwaye ukubonakaliswa okukwakunye kuthenjisiwe ngemihla yokugqibela, awunakukhomba emva kwaye uthi, "Oku yiloo nto ekwakuthethiwe ngayo"? Yabona? Nantso ke. Kwaye ihlabathi langaphandle alazi kwanto malunga nayo; i—ibubudenge kubo. Ngoku bathi . . .

70 Wathi, "Khangelani apha."

Kwaye bathi, "Ngoku . . . " xana bakuvayo oku.

Wabaxelela indlela leyo abathi bambethelela ngayo uYesu. Kwaye ngalo lonke ixesha . . .

71 Ungalufumana uxolelo ngokubethelela uYesu. Ungalufumana uxolelo ngokuthabatha iGama Lakhe ngelize. "Kodwa lowo uthetha ngokuchasene noMoya oyiNgcwele, akasayi kuxolelwa yena, kweli hlabathi, okanye kwihlabathi elizayo." Sikwimihla yokugqibela, ke ngoko lumka. Hamba ngokuthobekileyo. Yiba nomoya otyumkileyo, umoya owaphukileyo; intliziyo ethobekileyo, uzimisele ukuvumela uMoya oyiNgcwele akukhokele. Amen. Kulungile. Owu, bethu!

72 Naba apho bakhoyo, bonke baphezulu phaya, nje abantu besenza njenga . . . Babengamagwala, kwiiyure nje ezimbalwa ngaphambili; bezivalele kwigumbi eliphezulu. Kodwa xana uMoya oyiNgcwele wehlela phezu kwabo waza wazalisa iintliziyo zabo, baphumela phandle ezitratweni! Andicingi ukuba babe . . . Babengenzi izinto ezo ezazingalunganga. Babephandle phaya bevuya kwaye bedumisa uThixo, nge—ngendlela yokuba kwabakho ukubonakalaliswa. Babengekho

nje phandle phaya ukuxambulisana omnye nomnye ngoku, nokuba babengamaWisile okanye amaBhaptizi, babe, okanye babengabaFarisi okanye abaSadusi. Babephandle phaya bevuya ngenxa yokuba babefumene incasa yeZulu emphefumlweni wabo. UThixo wayebanike imana yokomoya.

73 Ngoku, njengokuba uThixo wayithululayo imana phaya emvelweni, kwaye yahlala okoko njebabeseluhambeni; umfuziselo omhle. Kwaye ngomhla abathi bangena ngawo kwilizwe ledinga, imana yapheza.

Kwaye ngoMhla wePentekoste, kwa into efanayo . . .

74 Khangela kwiPentekoste, kuMoses. Bakhangela emva baza balubona utshaba ukuba lwalufile. UMiriyam wathabatha intambula, waqalisa ukuyibetha, kwaye wakhwaza, waza waxhentsa, wabaleka esihla ngonxweme. Abafazi bamlandela, besenza kwaloo nto inye. Kwaye uMoses waziphosa phezulu izandla zakhe, waza wacula ekuMoya.

75 NgePentekoste, abafazi baphuma, begxadazela, kwaye bexhuma, kwaye baxhentsa, kwaye beqhubela phambili. UPetros wema esizikithini sabo, waze wathi, "Nina madoda akwaYuda, nani abo bemiyo eYerusalem, makhe oku kwazeke kuni, kwaye niwabekele indlebe amazwi am: Kuba aba abanxilile, njengoko niba kunjalo, ekubeni nibona kuselilixa lesithathu lemini. Oku kokuya okwathethwayo ngomprofeti uYoweli, 'Kuya kuthi ngemihla yokugqibela, utsho uThixo, Ndiyakumthulula uMoya waM phezu kwayo yonke inyama: oonyana benu neentombi zenu bayakuprofeta: phezu kwabakhonzazana nezicakakazi zaM Ndiya kumthulula uMoya waM; kwaye baya kuprofeta: Kwaye Ndiya kubonisa izimanga emazulwini phezulu, nasemhlabeni ezantsi; iintsika zomlilo, nomphunga, nomsi: Kwaye kuya kuthi, ngaphambi kokuba imini enkulu neyoyikekayo yeNkosi ifike, ukuba nabani na osukuba elinqula iGama leNkosi uya kusindiswa.'" Waqhubeka njalo na njalo, eshumayela.

76 Kwaye xana bakuvayo oku, baphulaphula. Bathi, "Khangelani kulaa mfo! Uyifumane phi le mfundo?" Abanye babo bathi, "Akakwazi nkqu nokubhala igama elilelakhe." IBhayibhile yathi wayeyindoda engazinto nengafundanga. "Usuka kwesiphi isikolo? Asikho. Ke, ingaba lento iza njani? Ingaba le nto yenzeka njani?" Baye baqaphela, bathi, "Ke, bathi, laa ndoda ngokwenene icaphula iSibhalo. Kwaye asizange sisive Ngolo hlobo ngaphambili." Yabona?

77 Wathi, "Guqukani, nonke ngabanye, kwaye nibhaptizelwe eGameni likaYesu Kristu ukuze nixolelwe izono zenu, kwaye niya kwamkela uMoya oyiNgcwele. Kuba idinga likuni, abantwana benu, nakubo abakude, nabo bonke esukuba iNkosi uThixo wethu iya kubabiza." Ngamanye amazwi, "Le mana eyitsikelelo leyo iwele apha, njengokuba yenzayo imana

emva phaya, iyakuba ngeyesisizukulwana, nesizukulwana esilandelayo, nesizukulwana esilandelayo, eJeffersonville, e-Indiana, nakwiindawo eziseziphelweni zehlabathi."

78 Kwaye kwaloo Moya oyiNgcwele mnye lowo owehlayo *ngoko*, uyehla *ngoku*; iziphumo ezifanayo, into efanayo, abantu abafanayo. Niyabona ukuba ndithetha ntoni na? Nje ngokugqibeleleyo!

79 Qaphela, "Ndiya kumnika; lowo weyisayo, Ndiya kumnika iSonka soBomi." Wathetha oko kwelinye lamabandla. "Kwaye akasayi kunxanwa kwakhona, kwaye akasayi kubuya alambe kwakhona. Akasayi kubuya anxanwe kwakhona." Ukuba indoda yakha ngaxesha lithile (Nantsi apho ikhoyo; qinisa ibhatyi iqine.), ukuba indoda okanye umfazi wakha ngenene wamkela uMoya oyiNgcwele, awusayi kubanako ukumshukumisa kwakhona. Iyazazi apho ikhoyo. Usengeza nee-isms nayo yonke into. Iya kuhamba kanye ngqo igqithe kuzo. "Ayisayi kubuya inxanwe kwakhona." Iyamazi nje ngokuchanekileyo ukuba Ungubani na uMenzi wayo; ayisokuze idideke. Musa ukuyikhathaza; iyaqhubeka kanye iye phambili.

80 "Ndiya kumnika okweSonka soBomi, kwaye akasayi kulamba kwakhona, kananjalo akasayi kunxanwa kwakhona." Yabona? "Kwaye uMthi lowo osembindini weparadesi kaThixo, kwaye uyakudla kuwo, yabona, uMthi." Ntoleyo, uMthi yayinguKristu Yesu. Yabona? Kwaye uKristu Yesu, ekubeni wayefile waza wabuya ekwimo yoMoya oyiNgcwele, ke Ulapha, kwaye imana leyo idliwayo eBandleni.

Qaphela, yabonani, ukuba, umqolo we-6.

> *Kwaye* yena *wasenza* ababingeleli *no*okumkani *kuye uThixo* . . .

81 "Ububingeleli bokomoya; isizwe sasebukhosini; umbingelelo wokomoya." Uyintoni na ngoku? "Imibingelelo yokomoya, oko kukuthi," ndicaphula iSibhalo, "oko kukuthi, iziqhamo zemilebe yethu zinika indumiso kwiGama Lakhe." Ngoku, loluphi uhlobo lwantoni? "Umbingelelo wokomoya."

82 Ngoku, ngoku sisenokuqalisa kanye apha; qaphela, indawo elungileyo yokuba siqalise kuyo.

83 Xana ukudideka okuncinci kungena ebandleni, awubalekeli ngaphaya kwelinye icala uze uzithandise ngoku. Ukuba unjalo, ngokuqinisekileyo awunguye umbingeleli. Yabona, thandaza. "Umbingelelo wokomoya, iziqhamo zemilebe yethu zinika indumiso kwiGama Lakhe." Yabona ukuba ndithetha ntoni na?

84 "Ke," uthi, "Andiziva nje ngokungathi ndingaya enkonzweni." Kodwa ungumbingeleli. Ngumsebenzi wakho. Kuya nyanzeleka ukuba ube phaya.

85 "Ke, andiziva nje ngokungathi ndingathabatha inxaxheba enkonzweni." Ungumbingeleli, "wenza umbingelelo,

umbingelelo wokomoya." Hayi ukwenza unikezelo oluthile kumntu othile, njengokuba bekubiza njalo oko namhlanje; konke oko kulungile, andinanto ikuchasileyo oko. Hayi ukuhamba uyekufumana umntu othile ukuba eze enkonzweni; oko konke kulungile, andinanto ikuchasileyo oko. Kodwa, ngu*we*, *we*nza umbingelelo wokomoya, "Iziqhamo zemilebe *yakho* zinika indumiso kwiGama Lakhe."

86 Xana nibona ixesha lifika lokuba wonke umntu uyanyelisa kwaye bethetha ezi zinto, kwaye besenza izinto ngokuphosakeleyo, yintoni oyenzayo, suka uhambe? Umelwe kukuba ume phaya nombingelelo wokomoya, usithi, "'IGazi likaYesu Kristu lihlambulula kuso sonke isono,' lindenza ndibe sisidalwa esitsha kuKristu Yesu."

"Uphambene, mfondini!"

87 "Ngokwalonto uyithethayo. Oko kulungile. Kodwa, kum, 'Ngamandla kaThixo asingise etsindisweni.' Ndiyakukholwa Oko." Yabona?

88 Ngoku, bathi, "Uyakholwa kwimpiliso eNgcwele?"

"Owu, uh, andazi, kungcono ubuze kumalusi wethu."

89 Yintoni *wena* oyicingayo malunga nayo? Ungumbingeleli ngoku. Ungulamfo. Yithi, "Ewe, mhlekazi. NdiyaYikholwa, ngokuba iLizwi likaThixo lithi Injalo."

"Uyalukholelwa kubhaptizo loMoya oyiNgcwele?"

"Ewe, mhlekazi."

"Ingaba wazi njani?"

"NdiWamkele." Ngokuqinisekileyo ngokwaneleyo. Intsikelelo yokomoya! UMoya oyiNgcwele owawela kubapostile, kwaloo Moya oyiNgcwele mnye uyawa ngoku.

90 Uthi, "Nje kubapostile." Siyakuyilungisa nje loo nto kwithutyana, sibone ukuba yayinjalo na okanye hayi.

91 Kulungile, "Ububingeleli bokomoya, obubingelela amadini wokomoya."

Ngoku, ngoku umqolo we-8, okanye, owesi-7.

*Yabonani, uza ngamafu;. . .*

92 Ngoku, makhe ndime apha okomzuzwana nje. "Amafu," ayithethi ukuba Uza ngendudumo enkulu njengokuba uMama, asikelele intliziyo yakhe, uhleli apha ndaweni ithile.

93 Xana ndandiyinkwenkwe encinci, wayedla ngokuhlala aze andixelele, athi, "Uyeza. Ilifu eliKhulu kakhulu liyakuvela ngenye imini, kwaye uThixo uyakuza."

94 Kwaye, ngoku, i*lifu* elo Ayakuza ngalo (Ukuba besinexesha nje lokubuyisela konke oku emva, kwaye sifumane imvelaphi yokwenyani yayo yonke into iphela.), ngoku i*lifu* Aza ngalo,

akulo lifu elinjengendudumo, kodwa, li "lifu lozuko," Aza ngalo. Yabona? Yabona?

95 Ngoku, xana uYesu wagutyungelwa nguThixo, kwiNtaba yoTshintsho, "amafu aMgubungela kunye nempahla Yakhe." Yabona?

96 Kwaye xana u-Eliya wehlayo, ilifu lehla laze lamamkelela phezulu. Hayi i—hayi iNtsika yoMlilo, hayi. . . Ndithetha, hayi indudumo, kodwa, "ilifu lozuko."

97 OBakhe obukhulu, uBukho obuzukileyo buya kuwubetha umhlaba. "Uza esemafini." Owu, ndiyakuthanda oko. "Amafu," kuyakubakho iliza emva kweliza, lozuko Lwakhe, luyakuza linqumleze umhlaba, kwaye uvuko lwabangcwele luya kuza. Xana loo Moya oyiNgcwele usikelelekileyo lowo ubuphila ezintliziyweni zabo, baza bafa, nesidumbu sabo silele phaya, namachaphaza enyembezi ezidleleni zabo, nezinto ezilolo hlobo, kwaye babekwe phandle apha endaweni yamangcwaba, iliza elikhulu laloo Moya mnye, kunye ne "whoossh," iliza emva kweliza.

98 "Lowo owaye ngowokugqibela uya kuba ngowokuqala, nalowo owaye ngowokuqala uya kuba ngowokugqibela." Iyakuba njani ngaloo ndlela? Olo lulungelelwano lovuko. Andiyi kwazi mntu kwisizukulwana ebe singaphambi kwam, okanye isizukulwana esisemva kwam. Ndiya kwazi abo abakwisizukulwana *soku*. Kwaye sonke isizukulwana siyakuza, ngempumelelo, kanye njengokuba sehlayo. "Abo ababengabokugqibela baya kuba ngabokuqala." Ngokuqinisekileyo, oko kumele ukuba njalo. Yabona? Ndiyakubazi abantu bakowethu. Umfo olandelayo, utata wam, uyakwazi abantu bakowabo; uyisemkhulu, abantu bakowabo; ukuhla njalo ngolo hlobo.

99 Iliza emva kweliza, emva kweliza, emva kweliza, kwaye abangcwele bevuka kuzo zonke indawo. Ingaba oko akuyi kumangalisa? Amen. Oko kubenza abantu abadala bazive bebatsha kwakhona. Ewe. Ngoku qaphela ngenyameko. Kulungile.

> . . . uza nga—nga*mafu; kwaye lonke iliso liya kumbona,* (Akunamsebenzi nokuba bafe emva kude kangakanani na, nangoko bayakuMbona.) *kwaye kananjalo nabo abamhlabayo: kwaye zonke* i*zizwe zomhlaba ziya kumbambazelela. Nkqu ngokunjalo, Amen.*

100 UYohane nje kwafuneka ukuba akhwaze, "Amen." Lowo, "Ngumakube njalo. Makube ngaloo ndlela."

> *Ndingu-Alfa no-Omega,* . . .

101 Ngoku, u-*Alfa* ngu "A" konobumba besiGrike. U-*Omega* ngu "Z" konobumba besiGrike. Ngoku, ngamanye amazwi,

ukuba yayiyakuguqulelwa namhlanje, "Ndingu-A ukuya kuZ." Ngoku, ngubani omnye ophaya? "NdingowokuQala; NdingowokuGqibela. Ndisuka ku-A ukuya kuZ."

102 Ndinqwenela ukuba besinexesha lokungena kubuThixo bukaKristu, kanye ngoku, ntoleyo ibiya kufaneleka kakhulu ngeli xesha, ubuThixo.

103 Ke, ngemihla xana abantu abaninzi bezama ukuMenza nje umfundisi, nje isithandi sobulumko, okanye umprofeti nje, WayenguThixo. WayenguThixo okanye engoyena mkhohlisi mkhulu kakhulu ihlabathi elakha laba naye. Ukuba Wayengumprofeti, igazi lakhe yayilelomntu. Ukuba Waye ngu—ngumfundisi, utitshala, igazi lakhe yayilelomntu.

104 WayenguThixo, kwaye iGazi Lakhe laliNgcwele. UThixo uSomandla wasibekela intombi enyulu uMariya kwaye wadala iseli yeGazi esizalweni sakhe leyo eyavelisa uNyana, uKristu Yesu. Kwaye uThixo wazithoba waza waphila kuloo mzimba, uThixo (u-Emanuweli), enziwe inyama phakathi kwethu; wazisusa izono.

105 Xana uThixo wenza umntu Wakhe wokuqala, Wamenza ngokomfanekiso OngoWakhe, lowo eyayingumntu womoya, kwiGenesis 1:26. Kulungile. Ngoko kwakungekho mntu wakulima mhlaba, emveni kokuba sele Emenzile umntu, indoda nenkazana. Siyakungena kuloo nto, emva kwethutyana, kwezo "nkwenkwezi zisixhenxe." Kodwa nje. . . Kodwa Wamenza kokubini indoda nenkazana, emva phaya ekuqalekeni, kunjalo oko, "ngokomfanekiso OngoWakhe." Kwaye uThixo unguMoya.

106 Kwaye ngoko, kwiGenesis 2, kwakungekho mntu wokuwusebenza umhlaba, ke uThixo wamfaka enyameni; wenza umntu, hayi ngokomfanekiso Wakhe, kodwa ngokuphuma eluthulini lomhlaba (Kunjalo oko.), wamnika isandla esinjengesenkawu, nonyawo olunjengolwebhere, okanye nantoni na; andazi, kodwa Wamnika izimvo ezintlanu ukuba anxibelelane nekhaya lakhe lasemhlabeni. Waza ngoko loo mntu wona.

107 Kwaye uThixo wehla waza wenziwa umntu, ukuba asuse isono somntu (Amen.), ehlangula.

*Ndingu-Alfa no-Omega, . . .*

108 ndiye ndaMkhangela apha kwiSityhilelo isahluko se-4. Xana uYohane wajikayo ukuba abone elili Zwi kwakhona, elo elalithetha kuye, "Wayehleli phezu kweTrone, kwaye umnyama wawuphezu kwentloko Yakhe." Kwaye umnyama unemibala esixhenxe egqibeleleyo, kwaye le mibala isixhenxe igqibeleleyo imele iZigaba eziSixhenxe zeBandla. Kunjalo oko, kwakhona. Kwaye yayiyintoni leyo? Nantsi apho ikhoyo. Mzalwana, oku kutsha. Khangela, imibala esixhenxe egqibeleleyo, esixhenxe, kwaye umnyama umele umnqophiso.

109 UThixo wanika uNowa umnyama, kuqala, njengomnqophiso. Kwaye ezo ziqalelo zisekho emhlabeni, njengokuba uThixo wayethembisile ngaphambili, kwaye xana inethayo, kwaye Ubona umnyama. Wathi, "Andisayi kuwutshabalalise ngamanzi kwakhona."

110 Kwaye ngoko wakhangela phezu koYesu, wayenemibala esixhenxe yomnyama ngentla Kwakhe; Wayekoku, ntoleyo yayingumnqophiso kaThixo. Kwaye Wayemi esizikithini, kweZiphatho zezibane zeGolide eziSixhenxe. "Kwaye Wayekhangeleka njengelitye leyaspisi nesardiyo." IYaspisi yayinguRubheni, kwaye ilitye lesardiyo yayinguBhenjamini; abo yayisisiqalo nesiphelo soosolusapho. Laa "Alfa no-Omega, isiQalo neSiphelo," kunye nemibala esixhenxe yomnyama, iZigaba eziSixhenxe zeBandla, umnqophiso kunye naYe, kwiZiphatho zezibane eziSixhenxe zeGolide, kunye neenkwenkwezi ezisixhenxe. Owu, onjani wona umfanekiso, ukuba sifika kuwo emva kwethuba, mhlawumbi, iNkosi ithandile. Kulungile.

> *. . . U-Alfa no-Omega, isiqalo nesiphelo, itsho iNkosi, leyo ikhoyo, . . . leyo eyayikho, kwaye leyo izayo, uSomandla.*

111 Oowu! Ungubani Yena? Sisityhilelo sikabani esi? UYesu Kristu. Kwaye, apha, Akanguye umprofeti. Apha, UnguSomandla, uThixo ebonakalalisiwe; u-Alfa, u-Omega. "Ndisuka ku-A ukuya kuZ. NdinguloWo Wayekho, loWo Ukhoyo, naloWo Uzayo. NdinguSomandla." Kucace kakuhle, akunjalo? Akukho thuba lampikiswano phaya. "INkosi, leYo Eyayikho, leYo Ikhoyo, naleYo izaYo, uSomandla."

112 Ngoku uYohane uyathetha. Phulaphulani.

> *Mna Yohane, lowo kananjalo endikwangumzalwana wenu, no*lidlelane *ngembandezelo, nasebukumkanini,* ku*nyamezelo lukaYesu Kristu, ndaye ndikwisiqithi ekuthiwa yiPatmos, ngenxa yelizwi likaThixo, . . .*

113 Uthi, ungafane ucinge nje indoda ekubeni ibekwe endaweni elolo hlobo, ngenxa yeLizwi likaThixo? Ewe.

> *. . . ngenxa yelizwi likaThixo, kunye . . . nobungqina bukaYesu Kristu.*

114 Wayegxothelwe phaya ngenxa yokushumayela iLizwi kubantu benkolo. Yiloo nto iLizwi eliyithethayo. Akunjalo oko? Wayephandle phaya ngenxa yokushumayela; egxothiwe, esikiwe wasuswa ebandleni, eluntwini, kulo lonke ihlabathi. Amen. Kodwa wayengasikwanga kuloWo Owamthandayo waza wamhlamba eGazini ElileLakhe. Wayekunye noBukho Bakhe, kwisiqithi esibizwa ngokuba yiPatmos, "ngenxa yeLizwi likaThixo."

115 Ndiyazibuza ukuba bangaphi abashumayeli namhlanje abanokuya? Behlele de baye nkqu ekwenzeni into ethile encinci—into ethile encinci, sicaphuke, siphazamiseke kakhulu malunga nayo. Kwaye nantsi le ndoda eyayibiliswe emafutheni iiyure ezingamashumi amabini anesine, yaza yalahlelwa kwisiqithi sasePatmos, kwaye iNkosi nangoko yayinayo.

116 Ndiyalithanda nje elaa culo lidala ababedla ngokulicula, "Ukuba uYesu uhamba nam, ndiya kuya naphi na." Siyalicula, kodwa ndiyazibuza ukuba ingaba ngenene sithetha lonto na. Kuluvo lwam olunyanisekileyo, akuyikuthabatha xesha lide kakhulu de unikwe ithuba lokuba ukungqine oko, ke kungcono ukuba uqiniseke ngenene. Khangela, thabatha uluhlu, ubone ukuba yonke into ilungile.

117 Ngoku, nje kanjani, suka nje uqalise apha ngoku. UYohane uyaphendula, kwaye wathi waye "sesiqithini sasePatmos, ngenxa yeLizwi likaThixo, nobungqina."

*NdandikuMoya* . . . (Ndiyayithanda loo nto.)

*NdandikuMoya ngemini yeNkosi,* . . .

118 Ndithetha ngenye imini, ngoku; kwizihlobo zam zama-Advent, ntoleyo esiqinisekileyo ukuba siyakungena kuyo, emva kwethuba. Kulungile.

. . . *kuMoya ngemini yeNkosi* wangena kuMoya, *ndaza* nde*va emva kwam izwi elikhulu,* . . . *lexilongo,*

119 Makhe singayishiyi le mifuziselo ngoku. Siyayiseka ngoku, ke ukuze sazi ukuba sithetha ngantoni na xana ndifika ngapha. Sibone lonto esiya kuthetha malunga nayo, "Ungubani Yena? Uyintoni lo Mfo? Siyintoni iSityhilelo sikaYesu Kristu? Ungubani Yena, kakade? Oko Kuze njani na? Oko Kuthetha ntoni kum?" Bona ukuba Oko kuthetha nantoni na kuwe, yabona. "Bona ukuba yintoni Oko okuyenzekayo phaya, kum." Qaphela.

*NdandikuMoya* . . .

120 Akunamsebenzi nokuba ungongcwele kangakanani na, indlela uhlonela uthixo ngayo, ungumlungiseleli kangakanani na okanye umrhamente, nantoni na oyiyo, awusokuze ube nako ukuya naphi na noThixo ude ungene kuMoya. Kunjalo oko. Andithethi ukuba ungene kwimvakalelo. Ndithetha ukungena kuMoya. Yabona? Yabona? Yabona, ungena kwimvakalelo, wenze nantoni na. Kodwa xana ungena kuMoya, ubona izinto. Kunjalo oko.

121 Ndinokucinga ngo-Eliya wakudala, umprofeti omdala, ezantsi phaya ngaloo mini xana—xana u . . . xana unyana ka-Ahabhi, bona, wathi wenza umanyano nabanye abangakholwayo, kwaye—kwaye uYehoshafati wayezimanye kunye nabo. Kwaye baphumela entlango iintsuku ezisixhenxe, kwaye bengazange bathabathe nayiphi na ikhampasi. Iintsuku nje ezisixhenxe, ezaneleyo ukubakhathalela iintsuku

ezisixhenxe; bengazange bayibuza iNkosi; nje bahamba baphumela phandle, nakanjani na.

122 Ingaba oko nje akufani nabantu? "Owu, ndiya kukuxelela, lowo ngumsebenzi ongcono. Ndiyakuliyeka nje *eli* bandla ndiye ngapha kwe*leya*." Ngoku, kungcono ubuze eNkosini malunga naloo nto, fumanisa ukuba iyintoni na.

123 Baphumela phandle phaya kwaye bafumanisa ukuba bangene enkathazweni. Ubonelelo lwamanzi lwanqumka. Oko koko kuyingxaki ngeecawe namhlanje, ukujikeleza nisenza izinto ezininzi eningayibuziyo iNkosi malunga nazo, kwaye ubonelelo lwenu luyanqumka. Niyazibuza ukuba kutheni ningasazifumani iintsikelelo ebenidla ngokuzifumana, kunye namandla kaThixo esebenza phakathi kwenu, mhlawumbi umjelo wokubonelela unqumkile. Uyazi, xana uphumela ngaphandle, amanzi . . .

124 Ndiye ndingene entlango ngaxesha lithile, phandle phaya e-Arizona. Kwaye ndiyaqaphela ukuba onke amatyholo amancinci amadala kulaa ntlango anobungozi; aya kukuhlaba. Ngalo lonke ixesha usoyama kulo, liya kukuhlaba. Ngenxa yokuba lingenamanzi aneleyo ukulikhathalela, ameva ayaphuma ngenjongo yokuzikhusela.

125 Ubuyela emva phezulu apha, okanye phezulu e-Oregon okanye ndaweni ithile apho kunethayo khona ngalo lonke ixesha, kwaye wonke ngamanye kuwo uhlobo olunye lwamatyholo akanameva kuwo. Yabona, amanzi awagcina ethambile.

126 Kwaye yiloo nto ingxaki ngecawe. Xana nomile nonke kwaye nikhonkxiwe, nayo yonke into, nisuka nibande kakhulu kwaye nibe sesikweni kwaye ningakhathali, anifumani nayiphi na intsikelelo yokomoya, ngoko intliziyo yenu yonke isuka izaliswe kwaye izale kukucaphuka nengqumbo, kwaye, wonke umntu, "Owu, ndiya ndiyakuziphindezela kuye. Ndiya kuziphindezela kuye. Ndiya kuliyeka ibandla." Nje igquba lameva eliphila entlango. Kunjalo oko. Eyona nto eniyisweleyo ludidi lwakudala oluthile olulungileyo lwaManzi oMoya oyiNgcwele anetha esihla phezu kwenu, athambise laa ntliziyo indala ilukhuni. Amen.

127 Andi—andizami ukuba ngumhlekisi. Ndizama ukuzisa oku kuni. Mzalwana, uyakufumanisa, ukuba uthabatha uphawu lwerhamncwa, apho uya kube umi khona. Kwaye awunakuncedeka ngokupheleleyo kwaye awunathemba xana uyenza lonto. Akukho ukuxolelwa ngenxa yalo. Awunakuze uphume kulo. Kunjalo oko. Ungakwenza oko ngokuqwanyaza kweliso lakho, phantse, yabona, ke lumka. Ngoku nantsi apho ikhoyo. Ndiya kumnika . . . Qaphela, intlango . . .

128 Ndithe, a—amanzi, indlela leyo amanzi awagcina ethambile ngayo. Yiloo nto esiyenzayo namhlanje, ngena kuMoya. UYohane wathi, "NdandikuMoya."

129 Xana u-Eliya phandle phaya entlango, behla. UYehoshafati wathi, "Makhe sihle kwaye siye kubuza kumprofeti." Behla baya phambi komprofeti.

130 Ke, ngoku, waphakamisa ukucaphuka kwakhe kobulungisa. Wakhangela ngaphaya kulaa mfo, waza wathi, "Kutheni ungayi kuthixo kanyoko? Kutheni ungabuyeli emva kwengeyakho, endala, ebandayo, nesesikweni icawe? Kutheni lento usiza kum, xana ungena enkathazweni?" Leyo yayingeyonto ilungileyo kangako ukuyithetha, kodwa elo ligama nje elikhulu kakhulu ukuba lithetha oko. "Kutheni lento uhlile weza kum? Kutheni ungayi kuthixo kanyoko? Nonke ninazo ezo cawe zinkulu zintle, nabo bonke abo babingeleli bondliweyo kakuhle, na njalo njalo, emva phaya. Buyela umva kwaye ubabuze malunga nalonto. Kutheni uhlile weza apha kum?" Whew. Bethu. Wasuka nje wabaluhlobo lokufixeka, ngokuqinisekileyo ngokwaneleyo, waye ngenjalo na? Wathi, "Ukuba ibingekuko ukuba bendihloniphe ubukho balaa ndoda ihlonela uthixo, uYehoshafati, bendingekhe nkqu ndikujonge nokukujonga." Owu, bethu, enjani yona imeko leyo umprofeti awathi wangena kuyo! Ngoku wonke ukolo hlobo lokulungisa.

131 Wathi, "Ke, ndiziseleni umbethi wohadi." Abanye abantu abakholelwa kumculo enkonzweni. Kodwa wathi, "Ndiziseleni umbethi wohadi." Kwaye xana umbethi wohadi eqalisa ukudlala iculo elimnandi lakudala, *Kufutshane, Thixo Wam, KuWe*; nantoni na ufuna ukulibiza ngayo, andazi. Xana umbethi wohadi waqalisa ukuthandaza, uMoya kaThixo wafika phezu komprofeti. Kwaye xana uMoya wehla phezu kwakhe, wangena embonweni; waqalisa ukubona izinto.

132 Kufuneka ukuba ufumane uMoya kaThixo. Okanye, uthi, "Andiqondi ukuba njani abantu bengathi, 'Amen.'" Ngena kuMoya kube kanye. Kunjalo oko.

133 Andiyiqondi indlela abanokuthi ngayo kumdlalo we-baseball baze babethane emqolo omnye komnye, baze bakhwaze kwaye baxhume, baze batsale iminqwazi ihle baze baqhubele phambili. Babonakala ingathi baphambane, kum. "Ke," uthi, "awunguye umthandi onguye we-baseball." Ndiphantse nje ndaguye kangako . . .

134 Kuthini malunga nawe, njengomKristu? Kulungile. Kunjalo oko. Kufuneka ukuba ungene kuMoya wayo.

135 Yiloo ndlela ebekudla ngokuba yiyo xana ubusiya emijuxuzweni. Andikholwa ukuba ungaya ngoku. Ngokuqinisekileyo hayi. Kodwa ukuba u—ubudla ngokuya, bayakufuneka badlale umculo oxhumisayo, kwaye babethe isingqi baze babethe amagubu, kwaye benze lonke uhlobo olwalukhona malunga nawo; baze abafazi babalekele phandle phaya, beze ngokusisiqingatha nayo yonke into eyenye, baze bajuxuze emigangathweni, nezinto, bangene kumoya

womjuxuzo. Ke, kunjalo oko, ungena kumoya wawo. Ngumoya womtyholi. [Ibandla lithi, “Amen.”—Mhl.] Ndiyavuya ukuba nithe, “Amen,” ngokuba leyo yinyaniso. Ndingakungqina oko ngeBhayibhile. Kunjalo oko. Kulungile.

136 Uthi, “Ke, andikukholwa oko, mzalwana.” Ke, wena, akuyiyo lonto uyithethayo, okanye lonto endiyicingayo.

137 Yiloo nto iLizwi likaThixo eliyithethayo. Yiloo nto eyigqibayo lonto. Elo liLizwi lokugqibela. Ewe, mhlekazi. Wathi, “Ukuba uthanda ihlabathi, okanye izinto zehlabathi, uthando lukaThixo alukho nkqu kuwe.” Kunjalo oko. Kwaye niyamkhumbula lowo omncinci, umfazi omdala wafundisa intombi yakhe ukuba umdaniso oxhentsayo, nezinto ezilolo hlobo, kwaye yaya ezantsi phaya yaza yadanisa phambi kokumkani, kwaye yafuna intloko kaYohane umBhaptizi; abantwana bakhe abangamashumi asixhenxe bafa bengamahenyukazi baza baxhonywa emithini. Ninganokuwubona ukuba oko kwenza ntoni na ngolo hlobo.

138 Umama kaMoses wahlala ekhaya, waza wamgcina, kwaye wamfundisa iLizwi leNkosi, uyabona ukuba kwenzeka ntoni kuye nakweyakhe. Ngaye kwaphuma . . . U-Abraham, na njalo njalo, nokuhla njalo.

139 Kulungile, kuxhomekeka nje kulonto ufuna ukuyenza, ungu—ungumntu ozikhethelayo. Wenza nantoni na onqwenela ukuyenza. Kunjalo. UThixo ubeke phambi komntu, njengomyezo wase-Eden, uMthi woBomi okanye umthi wokufa. Wenza ukhetho lwakho. Yabona? Nantoni na umphefumlo wakho utsalekayo kuyo, yiloo nto oya kuyitya. Qaphela ngoku. Kwaye babe . . .

140 Ndifuna ukufunda oku kwakhona ngoku. WayekuMoya. UMoya wehla phezu kwakhe. Waqalisa ukubona izinto. Ngoku qaphela.

*NdandikuMoya ngemini yeNkosi, ndaza ndeva . . .*

*Ndangena kuMoya ngemini yeNkosi, ndaza ndeva emva kwam izwi elikhulu, . . . lexilongo, . . .*

141 “Ixilongo.” *Ixilongo* si “sibhengezo.” UGabriyeli, ekuBuyeni kweNkosi, uyakukhalisa ixilongo likaThixo. Eli yayilelikaThixo ixilongo livuthelwa. Ngamanye amazwi, Ulungiselela ukubhengeza isiphelo sehlabathi ngoNaphakade. Ixilongo, liyintoni na? “Lungelani. Ndizakuninika iSityhilelo sikaYesu Kristu, ukusinika kwiBandla. Ndizakuthetha kuni, ukuba siya kuba yintoni na isiphelo sehlabathi, kwabo bamkelayo nakwabo balayo.”

142 Ixilongo likaThixo. “Ingqalelo!” Yonke indoda, xana ixilongo livuthelwa, ibamba ikrele layo ize ime endaweni, ingqalelo. Ixilongo!

143 UPawulos wathi, "Ukuba ixilongo linika isandi esingaqondakaliyo, ngubani na oyakuzilungiselela imfazwe?"

144 Yiloo ndlela ekuyiyo namhlanje. Owu, mzalwana, xana ndikhangela macala onke ndize ndibone zonke ezi zibandayo, zisesikweni, ezingakhathaliyo iicawe, nezinto ezilolo hlobo, "benokumila kokuhlonela kobuthixo, ukanti bayawakhanyela amandla ako," angazilungiselela njani umntu? Linika isandi esingaqondakaliyo.

145 Uthi, "Ke, ngoku, ndiyakuzimanya neecawe. Ndiya kuya ngaphaya ndize ndizame amaWisile, okanye amaBhaptizi, okanye amaLutere, okanye amaPentekoste. Ndiya kwenza into ethile. Ndiya kwenza uhlobo oluthile lwentshukumo." Owu, ayikuko oko.

146 "Ngaphandle kokuba umntu azalwe ngokutsha." Andikhathali nokuba ungumWisile, umBhaptizi, umPentekoste, okanye nokuba yintoni na ayiyo, umelwe kukuba uzalwe ngokutsha; awuyi kungena ebuKumkanini. Amen.

147 Khangela:

> *. . . izwi, . . . lexilongo,*
>
> *Lisithi* kum, *Ndingu-Alfa no-Omega, . . .*

148 Into yokuqala ephumayo . . . Ayazisayo apha, "UndinguYe, owokuQala nowokuQqibela." Into yokuqala, xana ixilongo likaThixo lavakalayo, wajika. Kwaye Wathi, "Ndingu-Alfa no-Omega. Ndisuka ku A ukuya kuZ. Ndikuko konke ngoku. Yima uphulaphule kuM, okwethutyana." Kulungile.

> *. . . owokuqala nowokugqibela: . . . Lonto uyibonayo, yibhale encwadini,* (leyo yile Ncwadi esiyifundayo) *kwaye uyithumele ku . . .*

149 Phi? Yaziswe ncakasana. Malunga naphi na, emva kwisigaba? Hayi. "Ebandleni." Ebandleni. Qaphela.

> *. . . Lonto uyibonayo, yibhale encwadini, uyithumele kumabandla asixhenxe akwelase-Asiya; . . .*

150 Ntoleyo, eyayingumfuziselo webandla. Ngoku, siyakungena kuloo nto, kwimizuzu nje embalwa, sibonise indlela iTestamente eNdala eyafanekiselwa ngayo kwizigaba ezisixhenxe. Izigaba ezisixhenxe zimisiwe, okanye amabandla asixhenxe emiswe apha e-Asiya, ntoleyo iBhayibhile eyifundisa ngokucacileyo, leyo eyayisisithunzi, okanye umfuziselo weZigaba eziSixhenxe zeBandla ezo ezaziyakuza. Kwaye ngoncedo lukaThixo, nangeBhayibhile, ndingakungqina ukuba sonke isigaba sebandla sifike kanye apho Yathi siyakufika khona, kanye apho iBhayibhile yathi siyakufika khona. Kwaye sisekupheleni kwesigaba sebandla lokugqibela.

151 Kwaye sibuyele emva kwiTestamente eNdala, sithabathe iphupha likaDaniyeli, kwaye umbonise umbono wobukumkani

beNtlanga, indlela leyo awathi wabona ngayo umfanekiso onentloko yegolide, nesifuba sesilivere, namathanga obhedu, neenyawo nemilenze yentsimbi nodongwe. Kwaye wabonisa indlela zonke ezo zikumkani ezithe zalandelana ngayo obunye nobunye, nje kanye ngendlela iBhayibhile eyatsho ngayo. Kwaye, khangela, intloko yegolide, iBhabheli; amaMedi namaPeresi, amaGrike; nobukhosi baseRoma; kwaye ubukhosi baseRoma baqhekeka baba zizikumkani ezilishumi, eyasempuma neyasentshona iRoma, na njalo njalo. Kwaye phaya, kwakukho intsimbi nodongwe, kwaye azizange zaxubana kunye; ubuProtestanti nobuKatolika phantsi kolawulo olunye lweNtlanga. Kwaye wathi ukuba nkqu uzama ukwaphula amandla omnye komnye, baya kutshatana omnye nomnye, nje ngokuchanekileyo yiloo nto bayenzayo namhlanje, ngokuchanekileyo.

152 Kwaye obo bukumkani ngemihla yabo ookumkani abo, uThixo weZulu waqhephula iLitye ukuphuma entabeni, ngaphandle kwezandla, elabetha lo mfanekiso ezinyaweni laza laqhekeza zonke izikumkani zeeNtlanga. Kwaye ubuKumkani bukaKristu baye balawula nokubusa, kwaye bakhula, baza bawugubungela umhlaba nolwandle kunye nesibhakabhaka. Izikumkani zeeNtlanga zaye zadlula njengomququ, njengekhasi esandeni ngexesha lasehlotyeni. Ojani wona umfanekiso lowo esiphila kuwo. Leyo yinyani.

153 Kwaye namhlanje, nibona iKatolika neProtestanti betshatana omnye nomnye, bezama ukuchitha amandla phantsi; ukukhulisa abantwana bakho, kufuneka uthembise ukuba uyakubakhulisa *ngale* ndlela okanye nga*leya* ndlela. Siya kungena kulonto, emva kwethutyana, ebusukwini nje obumbalwa. Qaphela ukuba, indlela eyiyo, kwaye nendlela (obunye) ukomelela kwentsimbi kwalawula ngaphezu kobunye, laziqhekeza zaba ziziqwenga laza laziguba zangabikho.

154 Kodwa iMvana yeza yaza yema. Kwaye nabantu abangcwele ngaloo mhla . . .

155 Kwaye indlela awathi okuya loo mandla obuRoma ahamba ngayo kwizizwe zonke. Akakho amanye amandla ehlabathini, kwaye inye kuphela indlela anokudlula ngayo, kungobuKatolika, icawe yobuKatolika, kwihlabathi lonke, ibakho phaya. Iyamangalisa lonto, umfanekiso omkhulu apha.

156 Ngoku, kuni maProtestanti, gcinani nje izihlangu zenu zinxityiwe, kuba, mzalwana, nikunye kanye nayo. Kwaye ndingakungqina ngeLizwi likaThixo, ningene kanye kuyo ngokukhulu kangangoko nje—njengabanye bonke.

157 Ngoku, khangela ngoku, “OwokuQala nowokuQqibela. Lonto uyibonayo, yibhale eNcwadini.” Ngoku, Wathi kuye:

> . . .*kubhale* oku *encwadini, uze ukuthumele* ku *ku . . . mabandla lawo a—akwelase-Asiya; e-Efese,*

*nase* Sardesi, *nase*. . .*Pergamo,*. . .na njalo njalo, nase*Filadelfiya, kunye*. . .neLawodike.

158 Ngoku siya kuma phaya, nje umzuzwana okanye ibe mibini, nje sibone ukuba lingakanani na ixesha endinalo, kuba ndifuna ukufikelela kweli nqaku liphambili lokugqibela apha, e-Efese, ndize ndilitsale liwelele eLawodike, kwaye sibone ukuba asiyelelaniswanga na kwa kwibandla elinye, yabona, sibone ukuba asiphili kulo mhla na.

159 Owu, Bandla likaThixo ophilileyo, vukani nikhanye. Khangelani. Aniqapheli. Ndinqwenela ukuba bendinohlobo oluthile lomothuko olo ebendinokuninika lona, ngandlela ithile. Ndinqwenela ukuba uMoya oyiNgcwele ubunokuza ngamandla Akhe amakhulu kwaye aniqhubele kwindawo apho beninokuthi nibambe le Bhayibhile kwaye nithi, "Makhe ndikhangele *Koku*," xana ubonayo:

> Izizwe ziyaqhekeka, uSirayeli uyavuka,
> Imiqondiso leyo eyaxelwayo yiBhayibhile kwangaphambili;
> Imihla yeeNtlanga ibaliwe, ngeembandezelo ezoyikekayo;
> "Buyani, Owu nina bachithakeleyo, niye kowenu." (Kunjalo oko.)
>
> Usuku lwentlangulo lusondele,
> Iintliziyo zamadoda ziyasilela kukoyika;
> Zaliswani nguMoya kaThixo, izibane zenu zilungisiwe kwaye zikhanye,
> Khangelani phezulu! Intlangulo yenu isondele.

160 Kunjalo oko. Owu, olunjani lona usuku! "Yibhale, uyithumele emabandleni."

161 Ngoku, kanye njengokuba uSirayeli wangena ku kubuhle bakhe, emva ekuqalekeni phantsi kuka-Abraham, wehla ukuza njalo ngoosolusapho. Kwaye ngomhla ka-Ahabhi wangena kwizigaba zobumnyama, esona sigaba simnyama kakhulu eso ibandla lasibonayo. Saphuma phaya. . .Kwaye ngeloo xesha, indlela awathi u-Ahabhi watshata ngayo uJezebhele, wazisa unqulo zithixo kwibandla lomthetho.

162 Kwa lonto inye, leyo, ubuProtestanti batshatana nobuRoma kwishumi elinesihlanu lamakhulu eminyaka wezigaba zobumnyama, kwiBandla lasePergamo, laza laphuma nonqulo zithixo, phantsi kwemo yobuKristu, liphumela kwisigaba esidikidiki eso sizayo phambi kwethu. Kwaye sikuso kanye goku. Sikwisigaba esidikidiki.

163 Aniyikholwa? Ngoku ndiya kuhlala phantsi kwi. . .nina mawethu angaphandle kwezinye iinkonzo. Nikwisigaba esidikidiki. Kwaye abavangeli benu banqumleza umhlaba, bejikeleza umhlaba, beshumayela izinto ezilolo hlobo; aniyi ndawo. Niyakhwaza. . .Nina maBhaptizi niyakwaza,

“Isigidi esongezelelweyo kuma 44.” Yintoni enayifumanayo xana nabafumanayo? Nje nafumana igquba laboni bangena, namagama abo encwadini (Kunjalo oko.), bathi bangabecawe yamaBhaptizi. Hayi kuphela oko, kodwa nezinye, amaWisile, amaCampbell, neqela liphela, nje bomile kwaye bengabangakhathaliyo. UBilly Graham wayenako oko, “Amashumi amathathu amawaka abaguqukileyo,” wathi, “kwiiveki ezintandathu...” Kwaye kwiiveki ezintandathu kamva akazange afumane namashumi amathathu. Ngokuba? Ngokuba? Abazange bafumane kwanto, kwakwindawo yokuqala. Nje igquba laboni, xana labhala igama labo encwadini, phantsi kwempembelelo yemvuselelo.

164 Wathi, “UbuKumkani baMazulu bufana nomntu owaphosa umnatha, elwandle. Xana wawukhuphayo, waye nayo yonke into.” Waye namafudo. Waye nononkala. Waye namafudo wamanzi. Waye nezigcawu. Waye neentsholongwane zamanzi. Waye neenyoka. Kunjalo oko. Kodwa phakathi phaya, waye neentlanzi ezithile, kananjalo.

165 Kwaye xana indoda ishumayela imvuselelo phantsi kwamandla nokubonakalisa koMoya oyiNgcwele, umnatha utsaliwe ngeenxa zonke ebantwini. Kunjalo oko. Kodwa ukuba uyintsholongwane nje indawo yokuqala, uyintsholongwane nasekupheleni kwemvuselelo.

166 Ukuba usisigcawu samanzi, into yokuqala uyazi, uya kuhamba ebhekabheka macala onke, esithi, “Andikholwa kwezi zinto zindala nakanjani na,” kwaye sixhume sibuyela emanzini.

167 Ukuba uyinyoka, uya kuthi, “Ndinixelele malunga nayo,” kwaye uya kuhamba emke. Waye yinyoka kwindawo yokuqala, imvelo yakhe yayinjalo. Kwaye akasayi kuba yenye into de loo mvelo iguqulwe.

168 Umntu akanako ukuzimanya necawe, okanye abe nemihlali yemvakalelo, okanye nantoni na eyenye, aze abe ngumKristu. Kufuneka kube luzalo oluluqilima lukaMoya; ukunyaniseka, ukufa, elila, elele phaya ade afe kabini. Khumbula, ubomi bunokuphuma kuphela ekufeni.

169 Ukhozo lombona, ukuba luthe lwahlala, luhlala lodwa, alusayi kuthetha nto ngaphezu kunokuba ilelo khozo lombona. “Ngaphandle kokuba ukhozo lwengqolowa luwe emhlabeni, lona luhlala lodwa.” Kodwa xana luthe lawa phaya, luyabola, lonakale, kwaye ukuphuma kula mbindi wokonakala kuphuma intsobi yobomi leyo inika ubomi ize ivelise ngakumbi.

170 Ngaphandle kokuba ibandla lizalwe ngokutsha, life kwiimvumo nkolo zalo neemfundiso zakwalizwi, na njalo njalo, kwaye lizalwe ngokutsha ngoMoya kaThixo, liyakuba lelidala, elibandayo, elisesikweni, elingahloneli thixo, elingakhathaliyo. Amen. Kunjalo oko. Olo ludidi lwakudala, lwechiza lwentshumayelo yesassafras, kodwa iyakukusindisa,

mzalwana. Kunjalo oko. Iya kukugcina xana izaqhwithi zibhudla ngamandla. Yiba ngomiliselweyo kwaye uzinze. Susa bonke ubugoxo nokungcola ngaphambi kokuba ugalele ikonkreyiti yakho; qaphela, kunjalo oko, kunye neentsimbi zokubambisa phantsi kakuhle kwaye ziqine. Owu, mzalwana, olunjani lona usuku esiphila kulo; lusesikweni, isigaba sebandla esingakhathaliyo! Ewe, mhlekazi.

"Kumabandla asixhenxe," wathi, "thumela lo myalezo."

171 Ngoku, kweso sigaba sebandla, baqalisa ukungena; batshatela kunqulo zithixo. Benza kwa lonto inye ngoku; bangenile, besenza kwa into enye. Kwaye ukuphuma kuloo nto, kwangena ubuKristu obusesikweni, saqalisa ukubhanga sade safika ezantsi kwisigaba sokugqibela sebandla.

172 Ngoku, ibandla lalemihla yangoku, elo silibiza ngokuba "lihlelo," thina bantu bobungcwele, uyazi, sibabiza, "balemihla yangoku," kwaye bayaphuma baye phaya baze baqalise eyabo imvuselelo, kananjalo. Uthi, "Abayi ndawo."

173 Kodwa ngoku linda nje umzuzu. Yintoni esinayo? Asinanto, hayi nangaphezulu kunokuba benako. Kunjalo kanye oko. Okoko nje sisaxambulisana sinomsindo kwaye siqhubela phambili omnye komnye, nangoku sisahamba njengabantu; ade umntu abe nokuhla aye esiguqweni aze alungelelane noThixo, ade abe nokutsibisa amehlo izinto ezincinci aze aqhubele phambili njengoko umKristu amelwe kukwenza ngako. Imbiza ayikwazi ukubiza iketile ngokuba imnyama. Kunjalo. Musani ukubakhwaza. Makhe sicoce awethu amanyathelo kuqala.

174 Sixoleleni, nina bangaziwayo, ndinika ibandla ukubetha kweVangeli okuncinci ngoku. Qaphelani, kunjalo oko. Yiloo nto kanye eniyisweleyo.

175 "Owu," nithi, "siWufumene." Kwaye ninyukele phaya nize nibethe ipiyano kangangoko ninako, negqzuba lamagubu, kwaye nibaleke ninyuke nisihla emgangathweni, kwaye niphume niye kuxabana nommelwane wenu. Ingaba kukho nantoni na eniyifumeneyo? Uh-huh. Hayi, mhlekazi. Ekuphela kwento esinayo kukuba dikidiki. Okoko nje umculo usaqhuba, siyaqhubeka. Xana umculo usima, siyema. Mzalwana, musa ukubiza omnye umfo into ethile; makhe sikhangele ngeenxa zonke kowakho umnyango, kuqala. Amen.

176 Ndiyanixelela, sidinga imvuselelo yodidi lwakudala njengokuba sasidla ngokuba nayo ezantsi elizweni, xana babelala ngobuso babo ubusuku bonke. Hayi ukuqhubeka nje, kodwa xana usizi lokwenene lobuthixo; kwaye hayi ukubuyela emva esiguqweni uze uhlale, kodwa baphume ukuya kulungisa nabamelwane ababengenzanga kakuhle kubo, kwaye bangqaliswe. Niyazi ukuba kunjalo oko. Kuyatshisa, kodwa, mzalwana, kuyakukunceda. Kunjalo oko. Kufuneka ukuba ukwazi oko, sihlobo sam. Ewe, mhlekazi.

177 Ubudikidiki, leyo yimeko eyoyikekayo ukuba ibandla libe kuyo. Aniqapheli, uMnquba kaBranham umalunga noko naloo mpembelelo inye. Phulaphulani, niyazazi ezi zinto. Zifundisiwe, unyaka emva konyaka, emva konyaka, emva konyaka, kweli qonga, ndinilumkisa ngezi zinto ezizayo. Xana, iBhayibhile yathi kuyakubakho ixesha apho bayakuya besuka empuma ukuya entshona, nasemantla nasemazantsi, bezama ukufumana iLizwi lenyani likaThixo, baze basilele ekuLifumaneni. Kungcono ukuba ubambelele, apho waziyo kanye apho umi khona.

178 Kodwa xana umntu athe wazalwa ngokutsha; hayi ngemvakalelo, hayi ngemihlali ethile, hayi ngokubeka igama lakhe encwadini yecawe, hayi ngokuzimanya neyona cawe inkulu kakhulu esixekweni, kodwa xana eneneni sele eyewalila wagqiba, kwaye wacenga, ngeenyembezi emehlweni akhe, ade uThixo azixolele izono zakhe, awuhlambulule umphefumlo wakhe ebomini besono, aze amzalise ngoMoya oyiNgcwele; ngothando olunjalo, nokuhlonela uthixo, ade athabathe eza zixhobo zamatayara amadala azibuyisele, athe waziba kubamelwane, aze ahambe azilungise ezi zinto, aze aphile ngokuhlonela uthixo phambi kwabantu. Asinakuze sibe nayo imvuselelo kweli lizwe side sibe naloo nto.

179 Umgwebo uqalisa endlwini kaThixo, ngeLizwi likaThixo. Amen. Hayi incwadi yesikhokelo, kodwa iBhayibhile. Hayi oko icawe ethile ikufundisayo kwezakwalizwi zabo, kodwa loo nto uThixo ayithethayo. Ngoko niya kuba nemvuselelo apho amandla amakhulu, nezimanga, nemiqondiso, nemimangaliso, nayo yonke enye into, ziyakwenzeka.

180 Sidikidiki. Ngokuba sidikidiki kwesi sisigaba, uThixo wathi, "Ndiya kukutsica emlonyeni waM." Esi sigaba sebandla siyakwaliwa. Kuyakubakho intsalela ephuma kuso, leyo iyakusindiswa. Ke kungcono uziphawule, kanye ngokulungileyo, ukufumanisa ukuba ukuloo ntsalela na ngoku. Siyakungena kulonto emzuzwini nje, ukuba uThixo uthandile. Nje qaphela ngoku.

> *Kwaye ndajika ukuba ndilibone izwi elo ebelithetha* ku*m. Kwaye ekubeni ndijikile,* (Khangela.) *Ndabona iziphatho zezibane zegolide ezisixhenxe;*. . .

181 Okanye, "iziphatho zezibane," isiGrike sitsho. Ngoku, leyo yinguqulelo yokuqala, kuba babengenawo amakhandlela kunye ne. . .Babenesiphatho sesibane esincinci. Ngoku, iZiphatho zezibane eziSixhenxe zeGolide, sizibiza njalo.

182 Ngoku, kwindawo engcwele, apho izonka ezibukwayo; kwaye abaninzi benu befundisi niyaqonda, kwaye oko. Kwaye nani mawethu apha emnqubeni, ekubeni nifundiswe ngumfundisi olungileyo apha, ni—niyazazi ezi zinto.

183 IZiphatho zezibane zeGolide eziSixhenxe, zaziyi... zazinezibane ezincinci phezu kwazo, ezo ezazitshisa i-oli. Ngaphaya kuZekariya, apho wabona khona umbono, ndiyakholwa ukuba yayinguwo, kwaye wabona umnquma womthi wasendle nomnquma womthi wasekhaya; umYuda noweNtlanga, kude lee ngaphambi kwexesha labeeNtlanga. Babe neengcendevu zegolide, kwaye zozibini ezi ngcendevu zegolide zibaleka kwesi siphatho sesibane apha eso sinekezela i-oli kuzo zonke izibane. Kwaye waye ngaqondi ukuba ezi zinto zazinjani; umnquma womthi wasendle nomnquma womthi wasekhaya. Kwaye umnquma womthi wasekhaya, kakade, waphulwa, waza umnquma wasendle wamiliselwa kuwo.

184 Kwaye loo oli kwisibane, *i-oli* imele u "Moya oyiNgcwele," yasoloko. Siyakungena kuloo nto, ekuphawulweni kwabantu, ngoLwesihlanu ngokuhlwa. Qaphela, kodwa le oli imele uMoya oyiNgcwele. Yiyo loo nto sithambisa abagulayo nge-oli, kungenxa yokuba imele uMoya oyiNgcwele.

185 IBhayibhile yathi, kwiSityhilelo isahluko se-6, xana isibetho sangenayo, Wathi, "Umlinganiso wengqolowa ube yipeni, nemilinganiso emibini yerhasi ibe yipeni; kodwa musa ukuyenzakalisa eyaM iwayini neyaM i-oli." Ndinqwenela ukuba besiya kuthabatha iSityhilelo siqhubeke ngaso, iiveki ezimbalwa, size sifike koko, ingubani laa wayini ne-oli. "Bona ukuba awenzakalisi eyaM iwayini neyaM i-oli. Musa ukusondela kuzo." Amen.

186 Ngoku, qaphela ezi ziphatho zezibane zegolide. Le oli yayigalelwa kwezi ziphatho zezibane. Ngoku, i-oli yayi yilonto eyayifakwa esibaneni, ukuvuthisa. Ngoku, u-Aroni yayi... Yayingumsebenzi wakhe ukukhanyisa ezi zibane. Kwaye ezi zibane kwakufuneka ukuba zintunyekwe. Ukubambe oko ngoku. Khangela. Hlalani nihloniphe, kwaye niphulaphule. Ezi zibane kwakufuneka ukuba zintunyekwe ngomlilo lowo uThixo awawuntumekayo. Oonyana baka-Aroni bangena bephethe umlilo othile ongaziwayo, waza uThixo wababulala emnyangweni; kunjalo oko, umlilo ongaziwayo. Umlilo lowo uThixo awawuqalisayo!

187 Kwaye khangela, ngoku, iziphatho zezibane zazibaleka kwigolonxa. *Apha* yayisisiphatho sesibane esinye, zimbini, zintathu, zine (phezulu), zintlanu, zintandathu, zisixhenxe, ngolu *hlobo*. Ngoku, ezo ziphatho zezibane zegolide apha, njengokuba etshilo kwimizuzu nje embalwa.

188 Makhe sifunde ukuya phambili kancinci, mhlawumbi siyakukufumana oko. Kwaye niphulaphule lonto awayithethayo ngoku. Kulungile. "Kwaye intloko Yakhe..." Ndiyakholwa ukuba ndingaphambili kumqolo we-12 phaya, "IZiphatho zezibane zeGolide eziSixhenxe." Umqolo we-13:

> *Kwaye phakathi kweziphatho zezibane* zegolide *ezisixhenxe lowo ufana*. . .*noNyana womntu, embathiswe ingubo efika ezinyaweni, kwaye ebhinqe emabeleni umbhinqo wegolide.*
>
> *Intloko yakhe* yayi nje—nje. . .iinwele *zakhe* za*zimhlophe* nje*ngoboya,*. . .*zimhlophe njengekhephu; kwaye amehlo akhe aye*. . .ngamadangatye *omlilo;*. . .

189 Ngoku, makhe sime phaya umzuzu nje, kuba asinako ukuwushiya laa mfanekiso phaya kanye nje ngolo hlobo. Khangela kwezi ziphatho zezibane ezimi apha ngoku. Ke, ezo ziphatho zezibane, njengokuba siyakufumanisa kamva kancinci, zimele iZigaba eziSixhenxe zeBandla. Zimele i-Efese, iPergamo, nokuhla njalo ukuya eFiladelfiya, nokuqhubeka njalo ukuya ngaphaya eLawodike; iZigaba eziSixhenxe zeBandla.

190 Kwaye ngazinye kwezi ziphatho zezibane zincinci zazinegubu le-oli lihleli phaya, kwaye le oli yayivuthiswa kwesi sibane. Ngoku xana isibane esinye sasintunyekwe ngomlilo kaThixo, babesithabatha eso sibane bantumeke esinye, ngoko basibeke phantsi; baze bantumeke esinye; kwaye esinye sasintunyekwa ngesinye, ngesinye, ngesinye, kude kube sisibane sokugqibela. Qaphela, i-oli enye.

191 Ngoku, ezi Zigaba ziSixhenxe zeBandla, ziqalisa nge-Efese, neTiyatira, iPergamo, nokuhla njalo. Kwaye uMoya oyiNgcwele, lowo oyi-Oli kaThixo, wehlela phezu kwebandla ekuqalekeni, e-Efese, iBandla lase-Efese, elo eyayilibandla lobabalo. Nina maBhaptizi benifanele ukuba nikhwaze "u-amen" phaya. Kwaye ngoko kwibandla lobabalo, elo lise-Efese, kwaye incwadi yabase-Efese iyasimisela ngokuphandle, ukuba besingoobani ngaphambi kokusekwa kwehlabathi, Wehlela phaya, kwaye bamamkela uMoya oyiNgcwele.

192 Kodwa linda umzuzu nje, mzalwana wam womBhaptizi, baWamkela njani? BaWufumana njani? Ngokuzimanya necawe? Zange. BaWufumana ngobhaptizo loMoya oyiNgcwele. Uthi, "Ewe, Mzalwana uBranham, kunjalo oko." Kwenzeka ntoni kuwe xana Wehlayo phezu kwakho?

193 Qaphela, kwaloo Mlilo mnye owavuthisa i-oli phaya, e-Efese, wayivuthisa eTiyatira; kwaloo Mlilo mnye owavuthayo phaya, wavutha ePergamo; wavutha ukuhla njalo, ukuya kwiSigaba seBandla laseLawodike. Kwaloo Moya oyiNgcwele mnye, owantunyekwa nguloo Thixo mnye, kwangaloo Mlilo mnye. Kwaye uMlilo lowo owehlayo ngePentekoste wantumeka isibane, iBandla, kuso sonke isigaba, kanye ukuhla ngoku.

194 Kodwa inkathazo yako kukuba, thina maBhaptizi, thina maWisile, sibuyele emva phezulu *apha,* sizama ukuthabatha into ethile yezembali, kwaye apha iBandla liyehla lisiza *apha.* Kunjalo oko. Kulapho sisalele khona emva. Lonke ibandla, xana laqalisayo, kwakungekho. . .

195 Khangela kuLuther, kuhlaziyo lokuqala. Enjani yona imvuselelo, uLuther. Khangela, ndinencwadi yakhe yesikhokelo ekhaya. Indlela eyathi laa ndoda yashukuma ngayo phantsi kwamandla kaThixo! Indlela eyayikholwa ngayo kwimpiliso eNgcwele, yaYamkela nayo ngokwayo; yayikholwa kumandla kaThixo, nkqu nangakumbi, yade yathetha ngeelwimi, uMartin Luther. Oko kunjalo kanye. UMartin Luther wathetha ngeelwimi.

196 Kwaye ngoko isigaba esilandelayo sehla, uJohn Wesley. UJohn Wesley wenza kwa into efanayo. Xana wayeshumayela, wathi, "Ngawaphi la mazwi lawo endiwathethayo, endingawaziyo ngokwam?" Kunjalo oko, ethetha ngeelwimi; ekholelwa kwimpiliso eNgcwele. Kwaye xana wafikayo eMelika, iicawe apha zamphatha njengokuba zisenza kubaqengqeleki abangcwele namhlanje, bamkhuphela ngaphandle, ezicaweni. Kwaye bashumayela iVangeli phandle phaya, baza bawela phantsi kwamandla kaThixo, bade balale emgangathweni, ubusuku bonke ngelinye ixesha.

197 Kwaye incwadi yesikhokelo kaJohn Wesley, leyo endinayo ekhaya ngoku, apho awayekhwele khona ihashe ngenye imini, ukuya kuthandazela umfazi lowo owayegula, laza ihashe lawa lophuka inqina lalo. Kwaye wehla ehasheni, waza wathabatha igubu le-oli kwaye walithambisa ihashe nge-oli, waza wakhwela kulo kwaye wemka. UMlilo omnye uvutha phaya.

198 Kodwa niwuzise ezantsi kwimo yesithethe sento ethile, kwaye uMoya oyiNgcwele uqhubela phambili. Kulungile. Kunjalo oko.

199 Kwaye kwibandla lamaWisile, "Banento ethile engalunganga ngabo," i nge- . . . incwadi yabo yathi, "babenesifo sokuxhuzula." Kwaye babeyakuqalisa ukuhamba, kwaye babexhuzula kwaye baxhume, baze benze ngolo *hlobo*, kwimihlangano yabo yentente nezinto, amaWisile. Ngokuba, mzalwana, ukuba uJohn Wesley ubenokuvela embonisweni, ubeya kuba neentloni kakhulu ngani, ubeya kunikhanyela; ngaphandle kokuba ubeya kuninika ukubetha okulungileyo kweVangeli ngeVangeli leyo awayishumayelayo.

200 Ndema kungekudala kwixesha elidlulileyo, ngakwindawo engcwele, apho bazikhululayo khona ezo zinja zokuzingela, ngaloo mini xana wayeshumayela u—ukuzalwa ngokutsha, na njalo njalo, kwaye oko. Kwaye icawa ephakamileyo yaseNgilane yamkhululela ezo zinja. Kwaye wathi, "Ilanga aliyi kuwa phezu kwentloko zenu ngokuphindwe kathathu, nide nindibize ukuba ndize kumthandazela." Kwaye wakwenza oko; waza wafa. Kunjalo oko. Ngokuqinisekileyo.

201 Yiloo nto esiyidingayo namhlanje. Sidinga olo hlobo lobuWisile. Sidinga omnye umBhaptizi ofana noJohn Smith, owahlala egumbini waza wabuhlungu ngokugqithisileyo

kuThixo, kwaye wathandaza ubusuku bonke, ngeyona ndlela, de amehlo akhe adumba kakubi kakhulu, ngetsasa, inkosikazi yakhe yayiyakumkhokelela etafileni, ukuba atye.

202 Owu, yintoni esiyenzayo namhlanje? Kukuma phandle ekoneni, ngomdiza emlonyeni wethu; kwaye idikoni ebandleni, lize lihle kwaye lenze; kwimiboniso bhanyabhanya, lize libukele oomabonwakude ubusuku bonke; kwaye lihlale kude nenkonzo; litshaye, lisele, lingcakaze, libalekele kwimidyarho yamahashe, kwaye sizibize ngokuba singamaBhaptizi. Yonke lonto bubuvuvu!

203 Into esiyidingayo namhlanje lolunye udidi lwakudala, oluthunyelwe nguThixo, lwemvuselelo yoMoya oyiNgcwele. Amen. andithethi. . . Andizami kunenza ukuba nibe nemincili. Ndiyazi ukuba aninamincili, kodwa, mzalwana, leyo yinyaniso. Ndizama ukuzisa inqaku kuni. Iyinyaniso. Yiloo nto esiyisweleyo. Kulungile.

204 Ngoku, leyo yiBhayibhile. Yiloo nto uMoya uyithethayo, yabona. “Iziphatho zezibane.” Kulungile. Ngoku umqolo we-13.

> *Kwaye phakathi kweziphatho zezibane* zegolide *ezisixhenxe lowo ufana. . . noNyana womntu,. . .*

205 Intoni? Lowo ufana naYe. Yayingubani lo? UMtshakazi Wakhe. Lowo ufana naYe. Khangela ukuba waye njani.

> *. . . embathiswe ngengubo efika ezinyaweni,. . .*

206 Ubungcwele bukaYesu Kristu buMgqubuthele. “Wasihlamba ezonweni zethu ngeLileLakhe iGazi.” Kulungile.

> *. . . ebhinqe emabeleni* (hayi indoda; umfazi) *ngombhinqo wegolide.* (IVangeli leyo eyayibambe amandla nozuko lukaThixo phezu koMzimba kaKristu.)

207 Owu, onjani wona ukuba mhle umfanekiso esinawo apha phantsi koqwalaselo! Khangela apha:

> *. . . ukuhla ukuya ezinyaweni, kwaye ebhinqe emabeleni ngombhinqo wegolide.*
>
> *Intloko Yakhe* neenwele *zakhe* zazi*mhlophe* nje*ngoboya,. . . zimhlophe njengekhephu* (ubulungisa, ubungcwele; umhlophe uthetha ngazo); *namehlo akhe. . .* enjengamadangatye *omlilo;* (Ekhangele kanye ngawo.)

208 Musa ukuzama ukuzifihla kuYe. Uyakwazi ukuba ungubani na, apho ukhoyo, nokuba yintoni oyenzileyo. Ewe, mhlekazi. Ubona yonke into. Owu Thixo. . .

209 Sinemizuzu nje embalwa ukuba ndifikelele kwesi esinye isigaba sebandla, ukuba singabanako. Qaphela.

> *Kwaye iinyawo zakhe* zazi*ngathi. . . lubhedu olusulungekileyo,. . .*

210 *Ubhedu* lusoloko "lungumgwebo," uyazi; isibingelelo sobhedu, nenyoka yobhedu, na njalo njalo. Ubhedu luthetha ngomgwebo. Iinyawo Zakhe, ngoko, iBandla likaYesu Kristu limiswe phezu komgwebo oNgcwele. UKristu esifa endaweni yethu, Lowo uliLungisa ehlawula isigwebo sethu phezulu phaya, e. . .phambi koThixo, waza wafa phaya njengomoni emnqamlezweni, waza umphefumlo Wakhe wehlela esihogweni. Kwaye uThixo, engamvumeli Lowo ungcwele Wakhe ukuba abone ukubola, waMvusa ngomhla wesithathu, ukwenzela ukugwetyelwa kwethu; Lowo uhleliyo ngakwesokunene Sakhe ngoku, uMbingeleli oMkhulu onokuchukunyiswa yimvakalelo yobulwelwe bethu; lowo uyakubuya kwangolo hlobo Awathi waya ngalo eZulwini, ukwamkela iBandla elizukileyo elo elizilungiseleleyo ngoKwalo, elihlanjwe ngeGazi kwaye lazalwa okwesibini. Onjani—onjani wona umbono! Amen. Kulungile. "Njengobhedu olusulungekileyo," okanye, ngoku khangela, "kwaye eZakhe. . .kwaye. . ."

> *Kwaye iinyawo zakhe* zazi*ngathi. . .lubhedu olusulungekileyo, olunjengokugathi* luye *lwavuthiswa eziko;* (Olo yonke intlenge ekhutshiweyo kulo.) *kwaye izwi lakhe. . .iz*wi *lamanzi amaninzi.*

211 Khangela, liBandla elithetha kuYe ngoku, *amanzi.* ISityhilelo 17:15, sathi, "Amanzi athetha ubukhulu kunye nenkitha yabantu." Ngoku, "izwi Lakhe," okanye obo Buqu babumi phaya bukhangeleka ngolu hlobo, uKristu eBandleni Lakhe, njengoMtshakazi noKristu ekubeni bebaNye, njengokuba indoda nomfazi bebanye; iBandla noKristu bebunjwe kunye ngoBuqu obunye, kwa uMoya oyiNgcwele omnye.

212 Kwaye izinto uKristu awazenzayo, iBandla liyazenza kananjalo. Ingaba niyakubona oko? Elaa Bandla lihle phaya ebungcweleni, emandleni, ebungangamsheni, ngokubona imibono, imiqondiso, nezimanga. Yonke into kanye njengokuba Wenzayo, nali lisemhlabeni, linika yonke indumiso kuThixo, esithi, "Andinakwenza nto engathanga uBawo aNdibonise; kodwa UyaNdibonisa, kwaye nali apho likhoyo." Kwaye siyeza, yabona, ezi zinto ziyakwenzeka.

213 Ngoku, uKristu, wabunjelwa ebuNyeni.

> . . .*kwaye* iz*wi. . .lamanzi amaninzi. . .*

Abantu abaninzi, hayi nje lowo; yayiliBandla liphela, amaBandla aSixhenxe abunjelwa kunye eMzimbeni omnye omkhulu ohlawulelweyo weNkosi. AmaWisile, amaBhaptizi, amaRhabe, bonke abo abazelweyo ngokutsha ngoMoya oyiNgcwele, bethetha ngamandla kaThixo, lowo nguMzimba. Lowo nguMzimba.

> *Kwaye kwesokunene kwakhe wayen. . .*

214 "Kulungile." Yonke into eBhayibhileni inentsingiselo kuyo, yabona.

> . . .*esandleni sakhe sokunene iinkwenkwezi ezisixhenxe* (ngoku U—UnguKumkani): *kwaye emlonyeni wakhe* kuphuma *ikrele elibukhali elintlangothi mbini: kwaye ubuso bakhe babunjengelanga* likhanya *emandleni alo*.

215 Ngoku, "Emlonyeni Wakhe kuphuma ikrele elibukhali elintlangothi mbini," okuphuma emlonyeni Walo umi phaya, uKristu neBandla njengomnye.

216 "Esandleni Sakhe Wayebambe iinkwenkwezi ezisixhenxe." Kwaye niya kubona emizuzwini nje embalwa; ndifuna ukufika kuyo, makhe iBhayibhile ithethe nje oko kwakukuko. Yayingabalungiseleli abasixhenxe, umlungiseleli omnye kwisigaba ngasinye kwezi Zigaba ziSixhenxe zeBandla, zizayo, ezibambe esandleni Sakhe sokunene. Amen. Nankuya Yena. Kwakukho iingelosi ezisixhenxe, abathunywa abasixhenxe, omnye kwibandla ngalinye. Niyakufumana oko?

217 Phaya, Umi phaya.

> . . .*kwaye emlonyeni wakhe* kuphuma *ikrele elibukhali elintlangothi mbini*:. . .

Yintoni ikrele elibukhali elintlangothi mbini? AmaHebhere isahluko se-4, athi, "ILizwi likaThixo libukhali kakhulu, linamandla ngaphezu kwekrele elintlangothi mbini, nkqu liya kumongo wethambo, kwaye linguMcaluli weengcingane zengqondo." Kulungile.

> *Kwaye xana ndambonayo, ndawa* kwezam. . . *Ndawela ezinyaweni zakhe njengofileyo. Kwaye wabeka isandla sakhe sokunene* phezu *kwam, esithi*. . . *Musa ukoyika; Ndingowokuqala nowokugqibela:*
>
> *Ndingulowo uphilayo, kwaye ndandifile; kwaye, yabona, Ndingophilayo ngonaphakade, Amen; kwaye* Ndi*nezitshixo zesihogo kunye*. . .*nokufa.* (Lowo nguYesu. Ngoku khangela.)
>
> *Zibhale* ezi *zinto ezo uzibonileyo, nezinto ezo ezikhoyo, kunye* nezi *zinto ezo eziyakubakho emva kwezi;* (Kulungile.)
>
> Kwaye *imfihlelo yeenkwenkwezi ezisixhenxe leyo uyibonileyo esandleni sam sokunene,* yile. . . *isandla, neziphatho zezibane ezisixhenxe zegolide. Iinkwenkwezi ezisixhenxe zingelosi* ezisixhenxe *zawo amabandla asixhenxe*:. . .

218 Oowu! Kubambe oko. "Iingelosi ezisixhenxe zingabalungiseleli abasixhenxe bamabandla asixhenxe." Kwakukho ibandla lenkokheli, yase-Efese. Ngoku ukuba uThixo uyasivumela, kwaye siyakuqhubela phambili ngako oku, kwaye

singaluthabathi *UPhawu Lwerhamncwa,* ndinganibonisa wona onke, kanye ukuhla ukuza kutsho kwesi sigaba sokugqibela, ukuba yeyiphi indlela—yeyiphi indlela ebeyiyo; ndinibonise iBandla laseFiladelfiya, elo elalibubuWisile, uJohn Wesley; ndinibonise i—iBandla iTiyatira, ngoko nangoko emva kwePergamo; lowo eyayinguMartin Luther, kwaye ndihle kanye ndiqhubeke nesigaba, kwaye ndibonise ngamnye wabo abo abezayo bazisa umyalezo, bawuzimasa umyalezo emhlabeni.

219 Kwaye ukwehla kanye ukuya kuMyalezo wokugqibela, namhlanje, kunjalo oko, apho uThixo wathumela khona iNgelosi evela eZulwini, yangqinela umkhonzi Wakhe, yaza yathumela uMyalezo kuye wonke umntu. Oku akuyi kuba yicawe. Akuyi kuba ngumbutho kule mihla yokugqibela. Kuba, uThixo uyewawubeka umbutho eshelufini, kwaye nonke niyayazi loo nto. Kwaye lindani side sigqibe ngomso ngokuhlwa, ku*Phawu Lwerhamncwa,* nize nibone apho icawe yenu ikhoyo, yabona, nombutho wenu.

Ngoku khangela amabandla.

> . . .*neziphatho zezibane zosixhenxe ozibonileyo ngamabandla asixhenxe.* (Zingamabandla.)

220 Kwaye ii*nkwenkwezi*, ezo, Ubambe inkwenkwezi nganye. Ngoku khangela. Ingaba besingema umzuzu nje? Ndiyazi ukuba ndinemizuzu emalunga neshumi elinesibini ukuba ndihambe apha kwaye ndifuna ukuya kwesi sahluko kanye apha, kwaye ndisifunde sonke, ukuba akukho nto iyenye. Ndifuna ukuzisa oku kuni. Inkwenkwezi yayingumlungiseleli, kwaye umlungiseleli othanjiswe ngoMoya ovela Phezulu.

221 Ingaba uyaqaphela ukuba umele inkwenkwezi eZulwini, kwaye yonke inkwenkwezi eseZulwini imele nina? Ingaba benisazi ukuba uThixo waxelela u-Abraham ukuba imbewu yakhe iya kuba njengeenkwenkwezi zaseZulwini? Kuqala yayiluthuli lomhlaba, kwaze ngoko eluvukweni yaba zinkwenkwezi zeZulu, ezingenakubalwa. Ingaba nikuqaphele oko?

222 Ingaba ubusazi na ukuba uYesu wayeleliQaqambileyo neKhwezi loKusa, eyona Nkwenkwezi inkulu kakhulu kunazo zonke iinkwenkwezi zaseZulwini? Owu, Haleluya! Xana ndicinga lonto, umphefumlo wam uyaxhuma luvuyo. Nakuya Yena! Phaya emfanekisweni Wakhe, kuBukho Bakhe, siyakuhlala ngenye imini, Haleluya, xana izinto zalo mhlaba sele zidlulile.

223 Kodwa, phulaphulani, esinye iSibhalo siyeza kum. UDanieli wathi . . . Xana Wathi, "Vala . . . "

224 Xana wabona le Ngelosi isehla, ngomnyama phezu kwentloko yaYo; yalubeka olunye unyawo emhlabeni, kunye nolunye elwandle; yaza yaziphakamisa izandla zaYo, yaza yafunga ngaLowo udla ubomi kususela emaphakadeni

asemaphakadeni. Xana loo mazwi asixhenxe azivakalisayo ezazo. . .Iindudumo eziSixhenxe zawavakalisayo amazwi azo. Wathi, "Watywine; angaziwa kude kube ngumhla wokugqibela." Wathi, "Kodwa ngexesha le mfihlelo kaThixo iyakuba igqityiwe, xana ezi ziyakube zityhiliwe eBandleni; kwaye yafunga ngaLowo udla ubomi ngonaphakade kanaphakade, ukuba ixesha alisayi kubakho."

225 Phulaphulani lonto Eyayithethayo phaya ngoko. Yathi, "Hamba ngendlela yakho, Daniyeli, yivale iNcwadi." Yabona? "Kuba uya kuphumla, kwaye uya kuma ngemihla yokugqibela, kwiqashiso lakho. Kodwa abaninzi abo abajikele abaninzi ebulungiseni baya kuqaqamba ngaphezu kweenkwenkwezi ngonaphakade kanaphakade."

226 Nantso ke, "iinkwenkwezi," abo balungiseleli abasixhenxe. Abalungiseleli abasixhenxe, kwiZigaba eziSixhenxe zeBandla, ezo ezenziwe kumawaka amabini eminyaka.

227 Ukususela kumawaka amabini okuqala eminyaka, intshabalalo kanogumbe; eminyakeni engamawaka amabini wesibini, ukuza kokuqala kukaKristu; awesithathu amawaka amabini eminyaka, awesithandathu, kukuBuya kwesibini kukaKristu; kunye neMillennium, kunye nesiphelo, ukuphumla komhla wesixhenxe.

228 "Kwibandla. . . " Owu, beningandinyamezela okwemizuzu embalwa nje? [Ibandla lithi, "Ewe."—Mhl.] Ngoku, andifuni kunidinisa, kodwa ndiyakufunda kanye ngokukhawuleza ngoku. "Kwingelosi. . . " Ngoku khangela, Wazisa oku ngokuthe ngqo ngoku. Kwaye siyakuya ngaphaya ePergamo size sifumane okokugqibela kwayo ngoko. . .Ndithetha ukuthi, kwiLawodike, size ngoko sivale. Ngomso ngokuhlwa siyakuthabatha ukusuka apha, ku*Phawu Lwerhamncwa*.

*Kwingelosi yebandla elise-Efese*. . .(Elokuqala.)

229 Ngoku khangela, xana uYesu wayemi nezandla Zakhe ezikhuphile. Nantsi into encinci endingafuniyo ukuyishiya ngaphandle, kuni. Yiveni. Yikhangeleni. Umi esazulwini, lowo ngumbindi, weZiphatho zezibane eziSixhenxe zeGolide.

230 Ngoku, ukuba bendimi *apha*, kwaye iziphatho zezibane zijikelezile, *apha* kwesinye isandla sam kulapho ndisikhuphe khona, kwaye *apha* sesinye, kumqondiso womnqamlezo, kuba yayingomnqamlezo lowo owazisa iBandla.

231 Nanku Emile; nomnyama uphezu kwentloko Yakhe, njengomnqophiso. "Ndenze umnqophiso waM neBandla, ngo-Abraham, ngeMbewu yakhe, yonke leyo ibiziweyo."

232 Umzalwana wam, ngobunye ubusuku, esamkela uKristu, wathi, "Ungaze undityhale, Bill." Wathi, "Xana uThixo ethetha kum. . . "

Ndathi, "Awunako ukuza ade Akubize."

233 "Akukho mntu unokuza kuM, engathanga uBawo waM ambize." Umntu othile wenza into ethile eyenye, ukutsalela phezulu, lowo ngomnye umntu. Kodwa xana uThixo ethetha, uyakuza, yabona. Kunjalo oko. Emi phaya... "Akukho mntu unokuza, engathanga uBawo waM amtsale."

234 Nankuya Emile phaya, "ekhangeleka njengelitye leyaspisi nesardiyo, owokuqala nowokugqibela," uBhenjamini noRubheni, bonke oosolusapho abalishumi elinababini. Kwaye indlela, iBhayibhile, lonke isuntswana liyadibana kanye ngqo ngolo hlobo, yonke into ngokugqibeleleyo! Qaphela njengokuba Emile phaya, ekhangeleka ngoku, khangela ukuba yintoni eyenzekayo. Wathi Wayengu "Alfa no-Omega," Waye "siSiqalo neSiphelo. Lowo Owayekho, kwaye lowo Ukhoyo, kwaye Oya Kuza." Wayephethe esandleni Sakhe sokunene, ngoku, iinkwenkwezi ezisixhenxe.

235 Ngoku nanku Eqalisa e-Efese, waza Waqalisa ukukhanyisa isiphatho sesibane. Wasintumeka phaya. Ngoko kwisigaba esilandelayo, sifumanisa ukuba, kwisigaba sebandla esilandelayo, saqalisa ukuba bufiphala; kwisigaba sebandla esilandelayo safiphala kunangakumbi; kwade kwaba sisigaba sesine sebandla, ishumi elinesihlanu lamakhulu eminyaka lezigaba zobumnyama. Kwaye malunga na-500, 1500, phakathi phaya, kwaqalisa ukuba mnyama kakhulu bade benyukela phezulu, kwaye saphantse sacima.

236 Kwaye, qaphela, ngasinye kwezo zigaba zebandla, Wathi, "Akulikhanyelanga iGama laM. Akulikhanyelanga iGama laM. Akulikhanyelanga iGama laM." Kodwa xana Ephumela kwelinye icala lezigaba zobumnyama, wathi, "Unegama lokuba uyaphila, ukanti ufile." Lalizenze umbutho. Lathabatha elinye igama lobuxoki.

237 Khangela, ngomso ngokuhlwa, into ayiyo umchasi kristu. Unobhaptizo lobuxoki, enenza nikholwe ukuba lubhaptizo loMoya oyiNgcwele. Unobhaptizo lwamanzi lobuxoki (Ewe, mhlekazi.), olo nkqu lungekhoyo ngokweSibhalo. Unazo zonke ezo zinto, nje ngokwaneleyo ukuba alinganise, ukuba nobuqhophololo nobuqili.

238 Khangela apho siphumela khona. Kanye phaya kulapho saqala khona, kanye phaya; saphumela ngapha kwelinye icala *apha*.

Ngoko Wathi, "UnokuKhanya nje okuncinci," uLuther.

239 Emva koko ethubeni kweza uWesley, nendlela ekwakuyiyo kwisigaba sakhe. Saqalisa ukukhanyisa.

240 Ngoko, ukusuka phakathi kweso sigaba nesigaba sokugqibela, Wamisa ucango oluvulekileyo. Wamisa ucango oluvulekileyo ukwenzela abo abaya kungena. Ngoko Wathi, "Sahamba sangena kwimeko yobudikidiki." Kwaye Wasitsica

emlonyeni Wakhe. Wathabatha intsalela, uvuko lwafika, kwaye waza Wemka nayo. Kunjalo oko.

241 Nankuya Yena, emi kwiZiphatho zezibane eziSixhenxe zeGolide. Ngoku:

> *Kwi . . . bandla lase-Efese bhala; Ezi zinto . . . zibhale; Ezi zinto* ezo *utsho lowo uphethe iinkwenkwezi ezisixhenxe kwisandla sakhe sokunene, lowo uhamba esazulwini seziphatho zezibane ezisixhenxe zegolide;*

242 "Ndiyayazi imisebenzi yakho." Khumbula, awulityelwanga.

> *Ndiyayazi imisebenzi yakho, nokubulaleka kwakho, nomonde wakho, no . . . nokuba awu*kwazanga *ukubathwala abo abangendawo:* . . .

243 Kwaye nje siye sinyamezelane nayo nantoni na leyo ingendawo, size siyibize ngokuba yinkolo. "Owu, ke, baya . . . Siya ecaweni. Silungile kanye njengabanye bonke abafo." Baye kanye ekhaya, bahlale ekhaya ngoLwesithathu ebusuku kwaye babukele umabonwakude, eyona mingxuma yesihogo. Kunjalo oko. Kwaye baphume kanye baze baphulaphule kumboniso bhanyabhanya, ekuqhubeleni ngaphakathi. Kushushu kakhulu ukuya kumboniso, nkqu . . . nasebandleni; kwaye nkqu nomshumayeli uyavala, phakathi kwehlobo lonke. Uthi, "Kushushu kakhulu ukuya ebandleni." Akunjalo, kuya kuba kubi kakhulu, ukuya esihogweni, mzalwana. Uyakuya, ngezinye zezi ntsuku, apho kushushu ngakumbi kunobuya. Kungcono uphulaphule.

244 Ubunokwenza njani? Mzalwana, ubungenakulenza ihobe litye ihashe elifileyo, ukuba wawunyanzelekile ukwenza njalo. Belingena kuyenza lonto. Imvelo yalo yahlukile. Ihobe alinayo inyongo. Alikwazi ukwetyisa.

245 Kwaye umntu ozelwe ngokutsha, ngoMoya kaThixo, akanakuzidla ezo zinto. Akanakuyinyamezela. Ingaphandle kwengqondo yakhe. Akanako ukuyenza. Akakwazi.

246 Niyayazi. Iintaka zosiba olunye zibhabha kunye. Kwaye, namhlanje, ihlabathi necawe ziyafana kakhulu, nina . . . Bathetha ngokufanayo, basela ngokufanayo, batshaya ngokufanayo, bathuka ngokufanayo, banxiba ngokufanayo, benza ngokufanayo. Kwaye bona, awukwazi ukwahlula omnye komnye, kwaye nangoko bekufanele ukuba nitywinwe ngoMoya oyiNgcwele.

247 Oko koyikeka kakhulu, mzalwana, kodwa, ndiyakuxelela, lonto iyakukunika uBomi.

248 Kwakukho umfo, ngaxesha lithile, owenyukela kwigqubа labashumayeli, apho babenesikolo semfundiso yezakwalizwi, esasibizwa ngokuba sisikolo sabaprofeti. Kwaye omnye wabo wathi, "Beka imbiza enkulu ngoku. Siya kuba nesidlo

sangokuhlwa.” Wathi, “Eliya nyuka, indoda leyo eneneni eyayinesahlulo esiphindwe kabini.”

249 Ke omnye wabafo waphuma ukuya kuchola e—ezithile ii-ertyisi, wathabatha amathangazana azeleyo aluhlaza waza wawagalela embizeni, waza waqalisa ukuzibilisa. Ngokuba, baqalisa ukutya. Bathi, “Kukho ukufa embizeni.” Oko kufana nje malunga nezinye zezi zikolo zakwalizwi ezinokukupheka, ngokunjalo. Kunjalo oko. Wathi, “Kukho ukufa embizeni.”

250 U-Eliya wathi, “Yimani umzuzu nje, siyakukukhathalela oko.” Wahamba wafumana umgubo ozele isandla, waza wawuphosa ngaphakathi, ke oko kwatshintsha izinto. Umgubo, umnikelo wokudla, “UYesu Kristu ikwanguye izolo, namhlanje, nangonaphakade,” ugutywa ngokufanayo, ukwenzela umnikelo wokudla, kwaye oko kwenza umahluko.

> . . . awukwazanga kubanyamezela *abo abangendawo: kwaye ubacikidile abo abathi* bona *banga*bashumayeli, okanye, *abapostile, kwaye* be*ngengabo, waza wabafumana* be*ngamaxoki:*

251 Yiloo nto Awayithethayo; Andizange ndakuthetha oko. Nje ndiyaMcaphula. Kodwa niyayazi loo nto uThixo ayifunayo? UThixo ufuna ubhaptizo loMoya oyiNgcwele, okanye ulahlekile.

252 Kwaye indoda isuka apha ineziliqela iD.D.D.s, nee L.D.s, kunye nePh.D.s, kunye nesidanga seBachelor, nayo yonke enye into esemva kwaloo nto, kwaye ngelinye ixesha ayazi nto malunga noThixo kunento engekhoyo. Leyo yinyani. Mzalwana, oko akuthethi nantoni na. Kodwa ihlabathi liphela lithi, “Ke, umlungiseleli wethu nguGqirha woBungcwele.” Owu, inceba. Loo nto ayinanto yakwenza noThixo kunoku—kunokusela amanzi; hayi kangako. Kunjalo oko. UThixo akakhathali nokuba zingaphi na iPh.D.’s, okanye iiD.D.’s. Kwaye—kwaye niyazi ukuba iBhayibhile izibiza ntoni na . . . Ngoku, esi ayisosiqhulo, kuba andikholelwa ekuzithetheni. Kodwa iBhayibhile ibiza iD.D., “inja efileyo.” Yiloo nto kanye iBhayibhile eyathi yayiyiyo, “inja efileyo.” Kulungile, yathi, “Azinako ukukhonkotha.” Ke, ngoko, kulungile.

> *Kwaye uye wathwala, kwaye waba nomonde, nangenxa yegama lam . . .*

253 Owu, ndifuna ukugubela oko ngaphakathi, ke niya kukufumana oko ebusukwini nje obumbalwa, uThixo ethandile.

> . . . *wabulaleka, kwaye awuzange utyhafe.*

254 “Wahlala kanye naLo.” Kulungile. Qaphela.

> *Noko kunjalo ndine*zinto ezithile *ngakuwe,* . . .

255 Ngoku, apha kulapho kufuneka ndiyeke khona ngoku, okwethutyana nje, ndide ndikufumane kakuhle oku apha phezulu ukuze sikubambe ngomso ngokuhlwa.

. . .*ndine*zinto ezimbalwa *ngakuwe, ngokuba ulushiyile uthando lwakho lokuqala.*

256 Yintoni ingxaki ngomnquba? Umntu umelwe kukuba akwazi ukuthi, xana uhlangana nomntu, "Ingaba amava akho obuKristu, kwakunini apho ayethandeka kakhulu kuwe?"

Umelwe kukuba ukwazi ukuthi, "Kanye ngoku!"

257 "Ke, awona mava am angcono ayesemva xana ndafumana okokuqala ubhaptizo loMoya oyiNgcwele, xana ndafikayo."

258 Ngoko uthi, "Owu, mzalwana, uwile elubabalweni." Kunjalo oko. Khangela.

. . .ulu*shiye uthando lwakho lokuqala.*

Oko kubonisa ukuba babenento ethile ekuqalekeni, kwaye bayishiyile.

259 "Asinguye lowo uqalayo; kodwa ngulowo unyamezelayo kude kubesekupheleni, lowo uya kusindiswa." "Hayi lowo. . . bonke abo abathi, 'Nkosi, Nkosi,' kodwa lowo ukwenzayo ukuthanda kukaBawo waM." Owu, makhe ndiyeke oko kuzike nje imizuzu embalwa. Bendithetha ngokukhawuleza ngokuhlwanje, nakanjani na, ke makhe sivumele oko kungene nje imizuzu embalwa, yabona. "Lowo ukwenzayo ukuthanda kukaBawo waM." "Lowo uthe wanyamezela kwade kwaba sekupheleni. Lowo unyamezeleyo!"

260 Ukuba umntu othile uthi, "Ndiyakholwa ukuba yena, laa mfo, ngumhanahanisi wakudala."

261 "Ke, ukuba ucinga oko malunga nam, ndiya kuyishiya icawe. Andisayi kuba nanto yakwenza nayo kwakhona." Kulungile, nantso ke. Yabona? Oko kubonisa lonto wenziwe ukuphuma kuyo. Mzalwana, ukuba yayiyingqolowa nje indawo yokuqala, iyakuba yingqolowa ekupheleni. Awukaze nje uhlale ixesha elide ngokwaneleyo phantsi apha. Awukaze wayilungisa loo nto. Kunjalo oko.

*Khumbula ke ngoko apho uwe usuka khona,. . .*

262 Buyela umva kwaye ukhumbule xana wawudla ngokuba namava apho ubungekhe uthethe malunga namntu. Nantoni na engahambanga kakuhle enkonzweni, awukhange uhlale kwizinyuko zommelwane wakho phaya uthethe malunga nenkonzo, kwaye uthethe ngaye wonke umntu ongomnye, ubhabhe ukhululeke kwaye uye kuzimanya nenye icawe. Hayi, wahlala kanye phaya, ngomonde waza wayithandazela, waze uThixo wayiphumelelise, yabona.

*Khumbula. . .apho uwe usuka khona, uze uguquke,. . .*

263 Uyazi ukuba "uguquka" uthetha ntoni, awazi?

. . .*kwaye wenze* i*misebenzi yakho yokuqala;. . .*

264 Buyela umva kwaye ufumane amava akho okuqala. Wenze izinto owazenzayo ekuqalekeni. "Nyukela esiguqweni uze ulungise oko kunye noThixo," ngamanye amazwi. Kunjalo oko.

> *. . . yenza imisebenzi yakho yokuqala; okanye ndiya kuza kuwe kamsinya, kwaye* Ndi*ya kusisusa isiphatho sesibane sakho endaweni yaso, ngaphandle kokuba uguquke.*

265 Uh-huh, "Ukuba awenzi njalo, uyakuba nebandla eliqhekekileyo, kwaye libe ziziqwenga, ngaphandle kokuba uguquke."

266 "Kodwa oku wena . . ." Owu, ngoku naku sisiza. Bambelela uqinise. Phulaphula ngenyameko. Gcina ivesti yakho yobucawa uyinxibile ngoku, kwaye uthobe i-ambrela yakho. Phulaphula. Kuba . . .

> *Kodwa oku unale ndawo, yokuba uyithiyile imisebenzi yama*Nikolawo, *ntoleyo eNdiyithiyileyo nam.*

267 "Uyithiyile imisebenzi yamaNikolawo." Ngoku khangela. Okwakuyi "misebenzi" e-Efese, kwisigaba sebandla esilandelayo, yayi "yimfundiso." Siya kukuthabatha oko, ngomso ngokuhlwa, "ubuNikolawo."

> Kwaye *lowo* une*ndlebe, makakuve oko uMoya akuthethayo kuwo amabandla; Kulowo weyisayo* Ndiya *kumnika ukuba adle kuwo umthi wobomi, lowo uphakathi kwiparadesi kaThixo.*

268 Ngoku, olandelayo, umqolo olandelayo uqalisa ngeBandla laseSmirna.

269 Ngoku, "ubuNikolawo," kulapho siyakuqalisa khona, ngomso ngokuhlwa, sithabathe kwiSityhilelo 13. Ububingeleli bobuNikolawo, indlela obathi baqala ngayo kanye phaya e-Efese. Kwaye kulapho eso sigaba sebandla sasilela khona, kumakhulu amathathu eminyaka wobukho baso. Ngaphambi kokuba siphume singabikho, amaNikolawo aqala ukuqalisa imfundiso, ububingeleli babazalwana.

270 Kwaye ngoko, obokuqala, baphuma kuNicolas, lowo owayengomnye waba—wabapo- . . . omnye waba . . . kwaye yena . . . KwiZenzo isahluko se-6, ndiyakholwa, nomqolo we-5, apho waya khona wanyula amadikoni. Kwaye bamthabatha lo, lowo owayenguNicolas phaya, baza baqalisa phaya baza bababiza ngamaNikolawo, kwaye baqalisa ukwenza umbutho ububingeleli. Kwaye ukusuka phaya oko kwaba yi "misebenzi," oko ababekwenza, bethetha ezi zinto kwizivumo, na njalo njalo. Kwaye ngoko oko kwaba yi "mfundiso" ngapha, kwaye kwaya kungena eBhabheli. Kwaye kwaphelela ezantsi apha, exesheni lokugqibela, nabo bonke ubuKristu busongelwe kubo; nje intsalela encinci eya kusindiswa ukuphuma kubo. Khangela uze

ubone ukuba buyintoni na, ngomso ngokuhlwa, ukuba uThixo uthandile.

271 Owu, mzalwana wam othandekayo, dade wethu othandekayo, kuLowo unako ukunigcina ekubeni ningawi, kuYe lowo unako ukuyibamba intliziyo yenu elubabalweni, wanga Angathululela iintsikelelo Zakhe phezu kwenu. Yanga ningaze nilibale ukuba siphila kwimihla yokugqibela yesigaba sokugqibela sebandla, apho kuqikelelwe ukuba siya kuba sisigaba sebandla elidikidiki, elingenamdla malunga naLo. Kwaye yekani ukuba ngabangenamdla. Yizani kuKristu ngenene, ngentliziyo yenu yonke.

272 Andinixeleli ukuba yeyiphi icawe emanizimanye nayo. Oko akunanto . . . UThixo akanakuze akubuze oko eMgwebeni. Hayi, mhlekazi. Akakhathali nokuba ungowayiphi na icawe.

273 Ufuna *wena*; ingeyomntu ngamnye. Kwaye umelwe kukuba uzalwe ngokutsha kwaye wamkele ubhaptizo loMoya oyiNgcwele, okanye umkile. Yabona? Udlala nje icawe, uyalinganisa nje, ude eneneni ube namava okuzalwa ngokutsha.

274 Kwaye phaya, Yena lowo umiyo phaya, kunye neZiphatho zezibane eziSixhenxe zeGolide, ngeZigaba eziSixhenxe zeBandla, kwaye kwaloo Moya oyiNgcwele mnye lowo owantumeka iBandla phaya, uyaLikhanyisa ngapha.

275 Ngoku, kuye kwabakho abalinganisi kwelaa bandla, kwaye la maNikolawo phaya, nokuhla kuso sonke isigaba sebandla, abalinganisi, ade afika ezantsi apha kwade kwaba nje yeyona ngxubakaxaka inkulu kakhulu yombutho. Kwaye uThixo ukhabela yonke into iphela ngaphandle, aze athabathele intsalela yabantu ebuQaqawulini.

276 kwanga iNkosi inganisikelela. Oku bekuluhlobo olungqwabalala, zihlobo, kodwa kulungile. Kuya kuninceda kwaye kunigcine ekubeni ningawi. Ngoku, musa ukujikeleza, usithi, "UMzalwana uBranham ulahlele ecaweni yam." Oko bekungenzelwanga nayiphi na icawe. Oko kuphela nje bekujoliswe kuwe, njengomntu ngamnye. Andi . . .

277 Ukuba ungowecawe yamaBhaptizi, ngoko uyakuba ngumBhaptizi wokwenene ozaliswe nguMoya oyiNgcwele. Ukuba ungowecawe yamaWisile, yiba ngumWisile wokwenene ozaliswe nguMoya oyiNgcwele, nokuba yintoni na. Kwaye awusayi kuba natyala; uyakuba luzuko nakweliphi na ibandla, okanye nabuphi na ubumelwane, ukwenzela uzuko lukaThixo.

Yanga iNkosi inganisikelela ngoku, ngelithuba sisema, ukuba ningathanda.

278 Mphathi woBomi othandekayo, emva kokufunda iLizwi Lakho, sima ngokuqonda. Siqonda ukuba ngenye imini oku kufunda ngokuhlwanje kuya kubayi . . . Siyakukuva Oko kushicilelo lweteyiphu, njengokuba lwalunjalo, ngoMhla

woMgwebo. Yintoni esiya kuyenza malunga nalonto? Ekuboneni ukuba siphila kwesi sigaba sokugqibela, ubumnyama kuyo yonke indawo, elinjani lona ixesha. Sibona ukuBuya kweNkosi, imiqondiso ibonakala, "amaza amakhulu olwandle aqengqelekayo; iintliziyo zamadoda zisilela, uloyiko; ukudideka kwexesha; imbandezelo phakathi kwezizwe."

279 Abaninzi bathi, "Owu, ndiyivile loo nto iminyaka." Kodwa asizange iSibhalo sithi baya kukuthetha oko, "Akukho mahluko kune xesha xana bathi oobawo bethu balala ukufa"? Bengazi ukuba sifike kanye emdeni. Usenokufika ngaphambi kokuba kuse.

280 Kwaye, Bawo, loluphi usuku okanye yeyiphi iyure na, ingaba siyazi, ukuba le misonto mincinci yobomi sihamba phezu kwayo iya kuqhawuka ngaphantsi kwethu. Imiphefumlo yethu elusizana iyakujinga ngaphaya esikalini, eLizwini likaThixo, kunye nokuzimisela kwethu kwalonto esayivayo kwaye sayifunda.

281 Kuyasifanela, Nkosi, ukuba simise ngoku size sizihlole ngokwethu. Kwaye ngelithuba amadoda nabafazi, amakhwenkwe okanye amantombazana, bemi apha kwesi sihlwele sincinci, ngokuhlwanje, bephilile kwaye besezingqodweni, banga bangacinga ngokunzulu kanye nje ngoku. Kwaye ukuba babengekaze bazalwe ngokutsha okwangoku, banga bangagqiba ezintliziyweni zabo kanye ngoku, "Andisokuze nditye okanye ndisele ude Undihluthise ngemana enye leyo Owabahluthisa ngayo ngoMhla wePentekoste. Lide ihlabathi libe lelifileyo, nayo yonke into ibe yeyesibini ngaphandle Kwakho, Nkosi yam, kwaye uthando lwayo yonke enye into luya kudlula. Kodwa susa lonke uthando lwehlabathi kum, kwaye undivumele ukususela namhlanje ndibe ngoWakho ngokupheleleyo." Siphe oko, Nkosi.

282 Yiba nabantu njengoko besiya emakhayeni abo. Khumbula abasweleyo, Owu Thixo, abangamahlwempu elizweni lakowethu, abangamahlwempu emoyeni, nabo abo balambileyo.

283 Thixo, vusa abalungiseleli, kuyo yonke indawo. Bazalise ngoMoya oyiNgcwele, uze ubathumele, beshumayela, Nkosi, njengezikhuni ezitshangazayo. Asazi ukuba yeyiphi iyure... Sidlule kanye kuphela ngale ndlela. Siphila kobubomi kube kanye kuphela, kwaye makubulelwe kuThixo ngenxa yaloo nto. Kodwa, kubomi obulandelayo, asisayi kushumayela Vangeli kubomi obulandelayo obo buzayo; kodwa siyakuvuya eVangelini, kunye nabo abezigaba abo abaYamkelayo; kunye noMphathi oyiNtloko, iNkosi yethu uYesu Lowo ufanelwe kuko konke, kwaye lonke udumo malube kuYe ngonaphakade kanaphakade. Amen.

284 UThixo anisikelele. Jikani nixhawule izandla omnye nomnye, ngelithuba sicula *Lisikelelekile Iqhina Elo Libophayo*,

ukuba ninako.

Lisikelelekile iqhina elo libophayo
Iintliziyo zethu kuthando lobuKristu;
Ubudlelwane beengcinga zobuzalwana
Bunje ngobo bangaSentla.

Phambi kweTrone kaBawo wethu,

285 Ngoku, xhawulani izandla omnye nomnye. Yimizuzu nje elishumi, ixesha, kuba izibane ngoku zikudluliselo. Nonke xhawulanani izandla, yiyani ekhaya, vuyani, nize nibuye ngomso ngokuhlwa. Ngecala emva kwentsimbi yesixhenxe, ngokuchanekileyo, siya kube siqalisa inkonzo, uThixo ethandile. Indlela ekumangalisa ngayo . . . ? . . .

